

*INkcazelo yeKharityhulam
yeSizwe (NKS)*

*INkcazelo yePolisi yeSizwe
yeKharityhulam nokuHlola*



*Isigaba seMfundo noQeqesho
oluQhubekela Phambili
iBanga 10-12*





basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**INKCAZELO YEPOLISI YEKHARITYHULAM NOKUHLOLA
IBANGA 10-12**

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA

Department of Basic Education

222 Struben Street
Private Bag X895
Pretoria 0001
South Africa
Tel: +27 12 357 3000
Fax: +27 12 323 0601

120 Plein Street Private Bag X9023
Cape Town 8000
South Africa
Tel: +27 21 465 1701
Fax: +27 21 461 8110
Website: <http://www.education.gov.za>

© 2011 Department of Basic Education

ISBN: 978-1-4315-0539-5

Design and Layout by: Ndabase Printing Solution
Printed by: Government Printing Works

FOREWORD BY THE MINISTER



Our national curriculum is the culmination of our efforts over a period of seventeen years to transform the curriculum bequeathed to us by apartheid. From the start of democracy we have built our curriculum on the values that inspired our Constitution (Act 108 of 1996). The Preamble to the Constitution states that the aims of the Constitution are to:

- heal the divisions of the past and establish a society based on democratic values, social justice and fundamental human rights;
 - improve the quality of life of all citizens and free the potential of each person;
 - lay the foundations for a democratic and open society in which government is based on the will of the people and every citizen is equally protected by law; and
- build a united and democratic South Africa able to take its rightful place as a sovereign state in the family of nations.

Education and the curriculum have an important role to play in realising these aims.

In 1997 we introduced outcomes-based education to overcome the curricular divisions of the past, but the experience of implementation prompted a review in 2000. This led to the first curriculum revision: the *Revised National Curriculum Statement Grades R-9* and the *National Curriculum Statement Grades 10-12* (2002).

Ongoing implementation challenges resulted in another review in 2009 and we revised the *Revised National Curriculum Statement* (2002) and the *National Curriculum Statement Grades 10-12* to produce this document.

From 2012 the two National Curriculum Statements, for *Grades R-9* and *Grades 10-12* respectively, are combined in a single document and will simply be known as the *National Curriculum Statement Grades R-12*. The *National Curriculum Statement for Grades R-12* builds on the previous curriculum but also updates it and aims to provide clearer specification of what is to be taught and learnt on a term-by-term basis.

The *National Curriculum Statement Grades R-12* represents a policy statement for learning and teaching in South African schools and comprises of the following:

- (a) Curriculum and Assessment Policy Statements (CAPS) for all approved subjects listed in this document;
- (b) *National policy pertaining to the programme and promotion requirements of the National Curriculum Statement Grades R-12*; and
- (c) *National Protocol for Assessment Grades R-12*.

A handwritten signature in black ink, which appears to read 'Angie Motshekga'.

MRS ANGIE MOTSHEKGA, MP
MINISTER OF BASIC EDUCATION

ISIQULATHO

ICANDELO LOKU-1: INTSHAYELELO YENKCAZELO YEPOLISI YEKHARITYHULAM NOKUHLOLA.....	3
1.1 Imvelaphi.....	3
1.2 Amagqabantshintshi.....	3
1.3 Injongo eziphangaleleyo zekharityhulam yoMzantsi Afrika.....	4
1.4 Ukwabiwa kwexesha.....	6
1.4.1 IsiGaba esisisiSeko.....	6
1.4.2 IsiGaba esiPhakathi.....	6
1.4.3 IsiGaba esiPhezulu.....	7
1.4.4 IBanga 10-12.....	7
ICANDELO LESI-2: UKWAZISA IILWIMI.....	8
2.1 IiLwimi ngokweNkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola.....	8
2.2 Injongo ezicacileyo zokufunda iiLwimi.....	9
2.3 Amagqabantshintshi ngekharityhulam yolwimi.....	10
2.4 Injongo engundoqo yokufundiswa kwezakhono zolwimi.....	10
2.5 Iindlela zokufundiswa kolwimi.....	11
2.6 Ulwabiwo lwexesha kwikharityhulam.....	13
2.7 Iimfuno zokufundiswa koLwimi lwaseKhaya njengesifundo.....	13
ICANDELO LESI-3: UMXHOLO NEZICWANGCISO ZOKUFUNDISA IZAKHONO ZOLWIMI.....	15
3.1 UkuPhulaphula nokuThetha.....	15
3.2 UkuFunda nokuBukela.....	24
3.3 UkuBhala nokuNikezela.....	33
3.4 Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi.....	43
3.5 Izicwangciso zokufundisa.....	44
3.5.1 IsiCwangciso sokuFundisa iBanga 10.....	46
3.5.2 IsiCwangciso sokuFundisa iBanga 11.....	58
3.5.3 IsiCwangciso sokuFundisa iBanga 12.....	69

ICANDELO LESI-4: UKUHLOLA KULWIMI LWASEKHAYA	80
4.1 Intshayelelo.....	80
4.2 Ukuhlola okungekho sesikweni okanye kwemihla ngemihla.....	80
4.3 Ukuhlola okusesikweni.....	80
4.4 INkqubo yokuHlola.....	84
4.4.1 Amagqabantshintshi eemfuno	84
4.4.2 Imviwo	88
4.5 Ukurekhoda nokunika ingxelo	91
4.6 Uphononongo lokuhlola	92
4.6.1 Ukuhlola okusesikweni (ukuhlola okwenziwa esikolweni).....	92
4.6.2 Imisebenzi yokuHlola yeOrali	92
4.7 Ulwazi Gabalala	93
ULUHLU LWAMAGAMA	94
ISIHLOMELO SOKU-1: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI.....	104

ICANDELO LOKU-1: INTSHAYELELO YENKCAZELO YEPOLISI YEKHARITYHULAM NOKUHLOLA

1.1 IMvelaphi

INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12 icacisa ipolisi yekharityhulam nokuhlola ezikolweni.

Ukuphucula ukusetyenziswa kwayo, INkcazelo yeKharityhulam yeSizwe ihlaziyiwe, yaye olu hlaziyo luya kuqala ukusebenza ngeyoMqungu/ngoJanyuwari 2012. Isifundo ngasinye senzelve uxwebhu olunye lwePolisi yeKharityhulam nokuHlola endaweni yala maxwebhu madala angala: INkcazelo yeKharityhulam yeSizwe, isiKhokelo seNkqubo yokuFunda kunye nesiKhokelo sokuHlola sesiFundo kwiBanga R-12.

1.2 AmaGqabantshintshi

- (a) *INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12 (eyoMqungu/Janyuwari 2012)* imele inkcazelo yepolisi yokufunda nokufundisa kwizikolo zoMzantsi Afrika yaye iquka oku kulandelayo:
- (i) INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yesifundo ngasinye kwezo zifundo zivunyiweyo zesikolo;
 - (ii) Uxwebhu lwepolisi oluthi, *National policy pertaining to the programme and promotion requirements of the National Curriculum Statement Grades R-12.*; kunye
 - (iii) Uxwebhu lwepolisi oluthi, *National Protocol for Assessment Grades R-12 (eyoMqungu/Janyuwari 2012)*.
- (b) Uxwebhu oluthi, *INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12 (eyoMqungu/Janyuwari 2012)* lungena endaweni yala maxwebhu eNkcazelo yeKharityhulam yeSizwe mabini alandelayo:
- (i) *iRevised National Curriculum Statement Grades R-9, Government Gazette No. 23406 of 31 May 2002*, kunye
 - (ii) *neNational Curriculum Statement Grade 10-12 Government Gazettes, No 25545 of 6 October 2003 and No. 27594 of 17 May 2005.*
- (c) Amaxwebhu eNkcazelo yeKharityhulam yeSizwe ekuthethwe ngawo kumhlathi b(i) no(ii), aquka la maxwebhu ePolisi alandelayo, aza kuthi aye eyekiswa ngokuyekiswa, engenelelwa yiNkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12 (eyoMqungu/Janyuwari 2012) ngo2012 - 2014:
- (i) INkcazelo yeKharityhulam yeSizwe yezifundo ngezifundo, isiKhokelo seNkqubo yokuFundisa kunye nesiKhokelo sokuHlola sesiFundo seBanga R-9 neseBanga 10-12;
 - (ii) Uxwebhu lwepolisi oluthi, *National Policy on assessment and qualifications for schools in the General Education and Training Band*, olubhengezwe kwiGovernment Notice No. 124 ekwiGovernment Gazette No. 29626 of 12 February 2007;
 - (iii) Uxwebhu lwepolisi oluthi, *the National Senior Certificate: A qualification at Level 4 on the National Qualifications Framework (NQF)*, olubhengezwe kwiGovernment Gazette No.27819 of 20 July 2005;

- (iv) Uxwebhu lwepolisi oluthi, *An addendum to the policy document, the National Senior Certificate: A qualification at Level 4 on the National Qualifications Framework (NQF), regarding learners with special needs*, olupapashwe kwiGovernment Gazette, No.29466 of 11 December 2006, lufakwe kuxwebhu lwepolisi oluthi, *National policy pertaining to the programme and promotion requirements of the National Curriculum Statement Grades R-12*; kunye
- (v) Noxwebhu lwepolisi oluthi, *An addendum to the policy document, the National Senior Certificate: A qualification at Level 4 on the National Qualifications Framework (NQF), regarding the National Protocol for Assessment (Grades R-12)*, olubhengezwe kwiGovernment Notice No.1267 kwiGovernment Gazette No. 29467 of 11 December 2006.
- (d) Uxwebhu lwepolisi oluthi, *National policy pertaining to the programme and promotion requirements of the National Curriculum Statement Grades R-12*; kunye namacandelo akwiPolisi yeKharityhulam nokuHlola njengoko ebonisiwe kwisahluko sesi-2, 3 nesesi-4 solu xwebhu aqulethe izithethe nemigangatho yeNkcazelo yeKharityhulam yeSizwe yeBanga R-12. Ngoko ke, olu xwebhu luya kuthi, ngokwecandelo 6A leSouth African Schools Act (uMthetho oLawula iZikolo zaseMzantsi Afrika), ka1996 (uMthetho wama-84 ka1996,) lwenze isiseko sokuxhobisa umPhathiswa wezeMfundo esisisiSeko ukuba akwazi ukubeka awona manqanaba aphantsi eziphumo nemigangatho, ngokunjalo neenkqubo nemigaqo yokuhlola impumelelo yabafundi, manqanaba lawo aza kusebenza kwizikolo zikarhulumente nezabucala.

1.3 IiNjongo eziPhangaleleyo zeKharityhulam yoMzantsi Afrika

- (a) *INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12* inika isikhokelo kulwazi, izakhono nezithethe (izinto ezixabisekileyo) ezinokufundwa ezikolweni zaseMzantsi Afrika. Le kharityhulam ijonge ukuqinisekisa ukuba abafundi bafumana ulwazi bekwasebenzisa nezakhono ngeendlela ezihambelana nobomi babo bemihla ngemihla. Kungoko ke le kharityhulam ikhuthaza uluvo lokusebenzisa kakhulu iimeko zalapha, kodwa ibe ikwayise iso nemiba ebalulekileyo yehlabathi jikelele.
- (b) *INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12* yenza oku kulandelayo:
- Ixhobisa abafundi ngolwazi, izakhono nezithethe eziya kubanceda ukuba bakwazi ukuzimela nokuthabatha inxaxheba ekuhlaleni njengabemi belizwe elikhululekileyo; nokuba bavela kweyiphi imo yezentlalo, uhlanga, isini, bekhangeleka njani ngokomzimba okanye bekuliphi inqanaba lengqiqo;
 - Ivulela abafundi amathuba okuya kwimfundo ephakamileyo;
 - Incedisa abafundi ukuba bakwazi ukuphuma kumaziko emfundo baye kumaziko omsebenzi; yaye
 - Inika abaqeshi umfanekiso ocacileyo ngobuchule nolwazi abanalo abafundi.
- (c) *INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12* isekelwe phezu kwale mithetho-siseko ilandelayo:
- *Ukuphuculwa kwezentlalo*: ukuqinisekisa ukuba kuyalungiswa ukungalingani kwezemfundo okwabangelwa lixesha lobandlululo, nokuba bonke abemi banikwa amathuba emfundo alinganayo;
 - *Ukufunda ngokubandakanyeka kusetyenziswa ingqiqo*: ukukhuthaza indlela yokufundisa efuna abafundi ukuba bathathe inxaxheba bebonakalisa ingqiqo, endaweni yokufunda ngokubethelela izimvo nokufunda nje bengaziqisisi iinyaniso okanye izimvo abazinikwayo;

- *Ulwazi nezakhono ezikumgangatho ophakamileyo*: ukubekwa kweyona migangatho isezantsi yolwazi nezakhono ekufuneka abafundi bezibonakalise kwibanga ngalinye, kananjalo nokumiselwa kwemigangatho ephezulu enokufikelelwa kuzo zonke izifundo;
 - *Ukuqhubela phambili*: umxholo wokufundwayo neemeko ekufundwa phantsi kwazo kwibanga ngalinye ubonisa ukuqhubela phambili, ukususela kokulula ukuya koko kuntsonkothileyo;
 - *Amalungelo oluntu, uqukaniso, ukukhathalelwa kokusingqongileyo nobulungisa bezentlalo*: ukufakwa kwemithetho-siseko neendlela zokwenza ubulungisa kwezentlalo nokukhathalela indalo esingqongileyo kwanamalungelo oluntu, njengoko ebekiwe kuMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika. INkcazelo yePolisi yeKharithyulam nokuHlola yeBanga 10-12 ibonakalisa uvakalelo kwimiba yeyantlukwano enjengendlala, ukungalingani, uhlanga, isini, ulwimi, ubudala, ukuba nenkubazeko neminye imiba;
 - *Ukuxatyiswa kolwazi lwemveli*: ukuthathela ingqalelo ubutyebi bembali kunye nelifa lemveli leli lizwe njengeentsika zokuxhasa izithethe eziqulethwe nguMgaqo-siseko; kunye
 - *Nentembeko, umgangatho ophezulu, kunye negalelo elibonakalayo*: ukunika imfundo enokuthelekiseka neyamanye amazwe ngokomgangatho, ukunatyiswa kwanokungena nzulu kwayo kwimiba efundiswayo.
- (d) INkcazelo yePolisi yeKharithyulam nokuHlola yeBanga R-12 ijonge ukuphuhlisa abafundi abakwaziyo:
- ukuchonga nokusombulula iingxaki bathabathe izigqibo besebenzisa ingqiqo nokucinga okubonakalisa ubugcisa;
 - ukusebenza ngempumelelo bebodwa naxa bekunye nabanye njengamalungu eqela;
 - ukuzicwangcisa nokuzilawula bona buqu kunye nemisebenzi yabo, loo nto beyenza ngentembeko nangempumelelo;
 - ukuqokelela, ukuhlalutya, ukucwangcisa nokuhlaba amadlala ulwazi;
 - ukunxibelelana nabanye ngempumelelo besebenzisa ubuchule bokubonwayo, bemiqondiso kunye/okanye nezinye izakhono zolwimi ngeendlela ezahlukeneyo;
 - ukusebenzisa inzululwazi nobuchwepheshe ngempumelelo nangokubonisa ukuba noxanduva ngokunengqiqo ekukhathaleleni indalo esingqongileyo nempilo yabanye; kunye
 - nokubonisa ukuliqonda ihlabathi ukuba liyiseti yezinto ngezinto ezizalanayo ngokuqaphela ukuba iimeko ezisonjululwa phantsi kwazo iingxaki azizimelanga zodwa geqe.
- (e) Ukuqukaniswa kwemfundo kufuneka kube ngundoqo ekulungiseleleni, ekucwangciseni nasekufundiseni kwisikolo ngasinye. Oku kunokwenzeka kuphela xa bonke ootitshala benolwazi oluphangaleleyo malunga nendlela yokuqonda nokusombulula izidingo zokufunda kunye nendlela yokucwangcisa abafundi abangafaniyo.

Undoqo ekulawuleni ukuqukaniswa kwemfundo kukuqinisekisa ukuba izidingo ziyachongwa zize zisonjululwe ngawo onke amaqela enxaso efanelekileyo asesikolweni, aquka ootitshala, amagosa esithili, amaQela eNkxaso amaZiko athile, abazali neZikolo zabaFundi abaneeMfuno eZizodwa njengamaZiko aXhobisa ngoLwazi. Ukusombulula izidingo eklasini, ootitshala mabasebenzise iindlela ngeendlela zokujongana neyantlukwano kwikharithyulam, ndlela ezo zifana nezo zikuxwebhu lweSebe leMfundo esisisiSeko oluthi *Guidelines for Inclusive Teaching and Learning (2010)*.

1.4 UKwabiwa kweXesha

1.4.1 IsiGaba esisisiSeko

(a) Ixesha elabelwe ukufundisa kwisiGaba esisisiSeko limi ngolu hlobo:

ISIFUNDO	IBANGA R (IYURE)	IBANGA 1-2 (IYURE)	IBANGA 3 (IYURE)
ULwimi lwaseKhaya	10	8/7	8/7
ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo		2/3	3/4
IMathematika	7	7	7
IzaKhono zoBomi	6	6	7
• ULwazi olusisiSeko	(1)	(1)	(1)
• EzobuGcisa	(2)	(2)	(2)
• EzemiThambo	(2)	(2)	(2)
• UkuziPhatha neNtlalo	(1)	(1)	(1)
LILONKE	23	23	25

- (b) Ixesha elabelwe ukufundisa leBanga R, 1 nelesi-2 ziyure ezingama-23. KwiBanga lesi-3 ziyure ezingama-25.
- (c) IBanga R - 2 labelwe iyure ezilishumi, zize zibe li-11 kwiBanga lesi-3. ULwimi lwaseKhaya lwabelwe ezona lwimi zininzi ezisi-8 nezona zimalwa ezisi-7; luze uLwimi oloNgezelelweyo lwabelwe ezona zimalwa zibe 2 zize ezona zininzi zibe 3 kwiBanga 1-2. KwiBanga lesi-3 ezona yure zininzi zisi-8, zize zibe si-7 ezona zimalwa kuLwimi lwaseKhaya; kanti kuLwimi oloNgezelelweyo ezona zimalwa zi-3, zize ezona zininzi zibe 4.
- (d) IMathematika yabelwe iyure ezisi-7.
- (e) KwizaKhono zoBomi, uLwazi lokuQala lwabelwe iyure e-1 kwiBanga R-2, zi-2 kwiBanga lesi-3, njengoko kubonisiwe kwizibiyeli kwiBanga.

1.4.2 IsiGaba esiPhakathi

(a) Ixesha elabelwe ukufundisa kwisiGaba esiPhakathi limi ngolu hlobo:

ISIFUNDO	IYURE
ULwimi lwaseKhaya	6
ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo	5
IMathematika	6
INzululwazi nobuChwepheshe (neTeknoloji) beNdalo	3,5
INzululwazi yezeNtlalo	3
IzaKhono zoBomi	4
• EzobuGcisa	(1,5)
• EzemiThambo	(1)
• UkuziPhatha neNtlalo	(1,5)
LILONKE	27,5

1.4.3 IsiGaba esiPhezulu

(a) Ixesha elabelwe ukufundisa kwisiGaba esiPhezulu limi ngolu hlobo:

ISIFUNDO	IYURE
ULwimi lwaseKhaya	5
ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo	4
IMathematika	4,5
INzululwazi yezeNdalo	3
INzululwazi yezeNtlalo	3
UbuChwepheshe (iTeknoloji)	2
INzululwazi yoLawulo lwezoQoqosho	2
IsiFundo ngezoBomi	2
EzobuGcisa	2
LILONKE	27,5

1.4.4 IBanga 10-12

(a) Ixesha elabelwe ukufundisa iBanga 10-12 limi ngolu hlobo:

IZIFUNDO	IYURE
ULwimi lwaseKhaya	4.5
ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo	4.5
IMathematika	4.5
IsiFundo ngezoBomi	2
Ubuncinane bazo naziphi izifundo ezithathu ezikhethwe kwiQela B isiHlomelo B. iiTheyibhile B1 - B8 zoxwebhu lwepolisi oluthi, <i>National policy pertaining to the programme and promotion requirements of the National Curriculum Statement Grades R-12</i> , ngokuxhomekeke kwimigaqo ebekwe kumhlathi wama-28 wolu xwebhu lwepolisi.	12 (3x4yur)
LILONKE	27,5

Ixesha elabelwe ukufundisa ngeveki malisetyenziselwe ukufundisa izifundo ngokweemfuno zezifundo zeNkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12 (NKS) ezichatshazelwe apha ngasentla, hayi ezinye izifundo ezongezelelweyo. Ukuba umfundi ufuna ukongeza izifundo, makongezelwe elinye ixesha lezo zifundo azongezileyo.

ICANDELO LESI-2: UKWAZISA IILWIMI

2.1 IiLwimi ngokweNkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola

Ulwimi sisixhobo sokucinga nonxibelelwano. Lukwayindlela yokusebenzisa amasiko izithethe nobugcisa abantu abadla ngokwabelana ngayo ukuze baliqonde ngcono ilizwe abaphila kulo. Ukufunda ukusebenzisa ulwimi ngokuchanekileyo kuxhobisa abafundi ukuze bakwazi ukufumana ulwazi, ukuzivakalisa ukuba bangoobani, iimvakalelo nezimvo zabo, ukunxibelelana ngokukuko nabanye nokuzilawulela ilizwe labo. Le nto yenza abafundi babe noluhlu lwemifanekiso neengcinga ezityebileyo, ezinamandla nezizinzileyo eziya kubanceda ekwenzeni ilizwe labo litshintshe kwinto eliyiyo; libe ngcono; licace ngaphezu kokuba licacile. Ulwimi yindlela yokudandalazisa iinkcubeko ezahlukeneyo nobudlelwane kwezentlalo, budlelwane obo bunokuguqulwa, bandiswe, buphuculwe lulwimi.

Imigangatho yolwimi

Ukufunda ngeelwimi kwiBanga 10-12 kuquka zonke iilwimi zaseburhulumenteni zaseMzantsi Afrika - iAfrikaans, English, isiNdebele, isiXhosa, isiZulu, Sepedi (Sesotho sa Leboa), isiZulu, Sesotho, Setswana, Siswati, Tshivenda Xitsonga nezinye ezingezozaseMzantsi Afrika. Ezi lwimi zingafundiswa kwimigangatho eyahlukeneyo eyile:

ULwimi lwaseKhaya lulwimi lokuqala olufundwa ngabafundi emakhayeni abo kuba kuthethwa lona; lulwimi abalusebenzisayo ukufunda ukucinga. Kodwa ke izikolo ezininzi zaseMzantsi Afrika abafundi azibafundisi ngeelwimi zabo zasekhaya koko bafunda ulwimi olunye okanye ezimbini ezikumgangatho wolwimi lwasekhaya. Ngoko ke amagama athi uLwimi lwaseKhaya, noLwimi lokuQala oLongezelelweyo abhekiselele kumgangatho lowo ulwimi lwenziwa ngawo, hayi ukuba lolwakhe (olwaseKhaya) okanye lufundiwe (njengeelwimi ezongezelelweyo). Ngokwenjongo yale polisi xa kubhekiswa kulwimi lwasekhaya makwazeke ukuba loo nto imele umgangatho wolwimi hayi ulwimi uqobo.

Umgangatho woLwimi lwaseKhaya unika abafundi izakhono ezingundoqo zokunxibelelana nabanye abantu ezifuneka kwimo yasekuhlaleni nezakhono zemfundo zokuqondwa kokusetyenziswa kolwimi ezifunekayo ngokwekharityhulam jikelele. Ugxininiso lusekufundisweni kwezi zakhono: ukuphulaphula, ukuthetha, ukufunda, ukubhala kulo mgangatho. Lo mgangatho ukwanika abafundi amathuba okufunda uncwadi nobugcisa nengqikelelo eya kubenza bakwazi ukuyila, ukuqikelela nokuxhobisa ukuqonda kwabo ilizwe abaphila kulo. Kodwa ugxininiso nomlinganiselo wokuphulaphula nokuthetha ukususela kwiBanga lesi-7 ukuya phezulu ungaphantsi kwalowo wezakhono zokufunda nokubhala.

Umgangatho woLwimi lokuQala oLongezelelweyo uthatha ngokuba abafundi basenokuba abanalwazi kwaphela ngolu lwimi xa befika esikolweni. Kwiminyaka embalwa yokuqala yasesikolweni kugxilwa kakhulu ekukhuliseni izakhono zabafundi zokuqonda nokukwazi ukuluthetha olu lwimi - izakhono ezingundoqo zokunxibelelana nabanye abantu. KwiBanga lesi-2 nelesi-3 abafundi baqala ukwandisa ulwazi kwesi siseko sokunxibelelana ngomlomo. Bakwasebenzisa izakhono zelitheresi abasele bezifunde kuLwimi lwabo lwaseKhaya.

KwisiGaba esiPhakathi nesiPhezulu, abafundi bayaqhuba nokuqinisa izakhono zabo zokuphulaphula, ukuthetha, ukufunda nokubhala. Bakwasebenza nangakumbi ngoncwadi, baqale ukwandisa ukukwazi kwabo ukonwabela ubuhle nobugcisa nengqikelelo ngoLwimi lwabo oLongezelelweyo.

Ngethuba abafundi befika kwiBanga le-10, kufuneka babe sele bekwazi ukulusebenzisa ngokufanelekileyo uLwimi lwabo lokuQala oLongezelelweyo ngokubhekiselele kwizakhono zokunxibelelana nabantu kunye nezokuqonda zemfundo. Kodwa ke kucacile ukuba abafundi abaninzi abakabi nakukwazi ukunxibelelana kakuhle ngoLwimi lwabo lokuQala oLongezelelweyo kweli nqanaba. Ngoko ke, umngeni kwiBanga 10-12 kukunika aba bafundi inkxaso

kodwa bekwanikwa ikharithulam evumela ukuba abafundi bafezekise imigangatho efunekayo kwiBanga le-12. Le migangatho mayenziwe ngendlela yokuba abafundi balusebenzise kwinqanaba elingasentla ulwimi olongezelelweyo ukwenzela ukubalungiselela imfundo yamaziko emfundo ephakamileyo okanye ilizwe lomsebenzi.

2.2 IiNjongo eziCacileyo zokuFunda iiLwimi

Ukufunda ulwimi kufanele ukuba kwenze abafundi bakwazi:

- Ukufunda izakhono zolwimi ezifunekayo ekufundeni ezinye izifundo kwikharithulam gabalala;
- Ukuphulaphula, ukuthetha, ukufunda/ukubukela nokubhala/ukunikezela ngokuzithemba nangokonwaba. Ezi zakhono nezi ndlela zokucinga zisisiseko sokufunda kubomi gabalala;
- Ukusebenzisa ulwimi ngokuchanekileyo kwiimeko zobomi bethabathela ingqalelo abaphulaphuli, injongo nomxholo;
- Ukuveza nokucacisa izimvo, iimbono neemvakalelo zabo ngokuzithetha nokuzibhala ngokuzithemba ukwenzela ukuba babe nakho ukuzicingela ngokwabo ngokukhululekileyo nangokunengqiqo
- Ukusebenzisa ulwimi nengqikelelo yabo ukuzikhangela nangakumbi nokufunda banzi ngelizwe elibangqongileyo. Le nto iya kubenza bakwazi ukuthetha ngamava abo nezinto abazifunde ngobomi, loo nto beyenza ngomlomo nangokubhala;
- Ukusebenzisa ulwimi njengesixhobo sokuzingela nokusebenzisa ulwazi abalufumeneyo nakwezinye izifundo gabalala kuluhlu olubanzi lweemeko. Isakhono sokukwazi ukuqokelela nokucwangcisa ulwazi abalufumeneyo sisiseko sokuphila kule mihla 'yempucuko nolwazi' sikwasisiseko sokufunda kubomi gabalala; kunye
- Nokusebenzisa ulwimi njengesixhobo sokucinga nzulu; ukwenzela ukuvakalisa izimvo zabo kwimiba yeendlela ezifanelekileyo zokuziphatha nezithethe zentlalo; ukufunda ngokuqiqa uluhlu lweetekisi; ukucela umngeni kwiindlela ezibonwa ngayo izinto, izithethe namagunya asekuhlaleni akwiitekisi; nasekufundeni iitekisi befundela iinjongo ngeenjongo, ezifana nokuzonwabisa, uphando, ukuhlalutya.

2.3. AmaGqabantshintshi ngeKharityhulam yoLwimi

Le kharityhulam ilungiswe ngokwezi zakhono, imixholo neendlela zokufundisa zilandelayo:

Izakhono nemixholo yolwimi	
<p>UkuPhulaphula nokuThetha</p> <p>Ukuphulaphula</p> <p>Inkqubo yokuphulaphula</p> <ul style="list-style-type: none"> • Phambi kokuphulaphula • Ngeli xesha uphulaphuleyo • Emva kokuphulaphula <p>Iintlobo ngeentlobo zokuphulaphula</p> <ul style="list-style-type: none"> • Ukuphulaphulela ukufumana ulwazi oluthile • Ukuphulaphulela ukuhlalutya nokuphonononga ngokunzulu • Ukuphulaphulela ukuncoma nokuqhagamshelana <p>Ukuthetha</p> <p>Inkqubo yokuthetha</p> <ul style="list-style-type: none"> • Ukucwangcisa, ukuphanda nokulungiselela • Ukuziqhelisa nokunikezela (ukwenza intetho) <p>Iimpawu nemigaqo yeetekisi zeorali</p>	<p>UkuFunda nokuBukela</p> <p>Inkqubo yokufunda</p> <ul style="list-style-type: none"> • Phambi kokufunda • Ngeli xesha ufundayo • Emva kokufunda <p>Ukucacisa iitekisi ezibonwayo</p> <p>Ukuphuhlisa kwesigama nokusetyenziswa kolwimi</p> <p>Izakhi zezivakalisi nokulungelelaniswa kweetekisi</p> <p>Iimpawu zoncwadi</p> <p>UkuBhala nokuNikezela</p> <p>Inkqubo yokubhala</p> <ul style="list-style-type: none"> • Ukucwangcisa/phambi kokubhala • Ukuyila / ukwenza iidrafti • Ukuhlaziya • Ukuhlela • Ukulungisa iziphene • Ukunikezela <p>Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi esetyenziswayo kwinkqubo yokubhala</p> <p>Iimpawu zeetekisi eziveliswayo</p> <p>Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi</p>

2.4 Injongo engundoqo yokufundiswa kwezakhono zolwimi

Ukuphulaphula nokuthetha ngundoqo ekufundweni kwazo zonke izifundo. Ngeendlela ezicwangcisiweyo zokuphulaphula nokuthetha, abafundi baqokelela ulwazi baze baluhluzwe, balubumbe, basombulule iingxaki bandule ukuvakalisa izimvo neembono zabo. Izakhono zokuphulaphula ezingundoqo zixhobisa abafundi ukuze bakwazi ukuqaphela imiba yezentlalo yokuziphatha neendlela zokucinga ezifumaneka kwiitekisi, bakwazi nokucela umngeni ulwimi olunxaxhileyo noluqhathayo. Zonke ezi zakhono zokuthetha zisetyenziswa ngokufanelekileyo xa zisetyenziswa nezakhi zolwimi. Ukufundwa kwesakhi solwimi makuncedise ukuqhagamshelana okufanelekileyo yaye kuhambelane nokusetyenziswa kolwimi kwizimo zentlalo ezahlukeneyo, umz. ukuvakalisa iingcinga okanye iimvakalelo zomntu, ukwazisa abantu, ukukhombisa indlela nokunika imiyalelo. Izakhono zokuphulaphula eziza kufundiswa ziza kuxhomekeka kuhlobo lwetekisi yomlomo neenjongo zomphulaphuli.

Ukufunda nokubukela ngundoqo ekufundeni okuyimpumelelo kwizifundo zonke, kwakunye nokuthabatha inxaxheba ngokupheleleyo kwintlalo nakwiindawo zemisebenzi. Abafundi bandisa ubugcisa ekufundeni nasekujongeni intaphane yeetekisi zoncwadi nezingezozoncwadi, kubandakanya iitekisi ezibukwayo. Ukuqondakala nokuchazwa kwentsingiselo yezinto ezibhaliweyo nezibukwayo kuxhomekeke kulwazi umfundi analo ngezakhiwo nemigaqo yolwimi kunye namava akhe obomi. Izakhi zolwimi zincipha abafundi ekwazini indlela iitekisi ezakhiwe ngayo. Abafundi mabasebenzise ubuchule nemigaqo yaphambi kokufunda, ngeli xesha befunda nasemva kokufunda ukuze baqonde

kwaye bacacise iindidi ngeendidi zeetekisi umz. ukuqikelela, ukucacisa, ukuphonononga. Abafundi mabasebenzise imigaqo yaphambi kokufunda efana nokukrwaqula nokubalekisa amehlo / ukufunda ngokukhawuleza ngenjongo yokufumana ulwazi olungundoqo bekhangelana iimpawu zetekisi, izahluko zencwadi nokwakhiwa kwemihlathi/iitekisi bafunde ukuba zidlala yiphi indima kwintsingiselo. Abafundi mabancendiswe ekwakheni isigama ngokufunda iindidi ngeendidi zeetekisi. Kodwa ke kwesi sigaba sokugqibela sokufunda (iBanga 10-12) le misebenzi ifuna ugxininiso oluncinane kuba kugxininiswe kakhulu kuyo kumabanga angezantsi.

Ukubhala nokunikezela kuvumela abafundi ukuba bavelise badlulise iingcinga neembono ngokubumbeneyo. Ukuziqhelisa ukubhala rhoqo, ngeemeko ezahlukileyo, imisebenzi, nemimandla yezifundo, kwenza ukuba abafundi badlulise ulwazi ngendlela olusebenza ngayo ulwimi, besebenzisa isiphiwo sokuyila. Injongo kukuvelisa ababhali abanesakhono, nabanolwazi oluphangaleleyo, abaya kukwazi ukusebenzisa ubuchule babo ekwakheni iitekisi ezamkelekileyo ezibhaliweyo, ezibukwayo, kunye nezezinye iindidi ngeendidi zeetekisi zemalithimidiya, besenzela iinjongo ezahlukeneyo. Ulwazi lwezakhi nemigaqo yolwimi luya kwenza abafundi bakwazi ukuvelisa iitekisi ezibumbeneyo nezilandelelana ngendlela. Izakhi zolwimi mazifundiselwe ukwakha iitekisi ngokwemeko ezisetyenziswa kuzo. Izakhi zolwimi mazifundiselwe ukwakha iitekisi ngokweemeko ezisetyenziswa kuzo. Ukusetyenziswa kwezakhi zolwimi makungapheleliswa ekuhlahleleni izivakalisi ezizimeleyo. Kufuneka kucacise indlela ezilandelelana ngayo izivakalisi ukwakha iitekisi ezipheleleyo ezifana namabali, izincoko, iileta, neengxelo nezinye iitekisi abafundi abazifundayo nabazibhalayo esikolweni.

Ezi zakhono mazifundiswe ngokudibeneyo, zingasetyenziswa zizimele. Xa zifundiswa zidityanisiwe ezi zakhono, ugxininiso kwisakhono esinye lunokukhokelela ekusetyenzisweni kwesinye isakhono. Umzekelo, umfundi owenza ingxoxo-mpikiswano uza kufunda isincoko esixoxayo/esivelela amacala amabini engxoxo ze emva koko akhuphe esakhe isincoko esixoxayo/esivelela amacala amabini esibhaliweyo esebenzisa izakhi zolwimi ezifana nezithethantonye (izifanokuthi) nezichasi, izilanduli nezihlanganisi, nezinye.

Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi zidlala indima ebalulekileyo ekuqondeni nasekuveliseni iitekisi zomlomo nezibhaliweyo, ngoko ke kufuneka zidityanisiwe nezi zakhono zolwimi kuthethwe ngazo apha ngentla.

2.5 Iindlela zokufundiswa kolwimi

Iindlela zokufundiswa kolwimi kula maxwebhu zezisekelwe kwiitekisi, ezifundisa ulwimi ngokulusebenzisa nezifundisa ngokwenkqubo.

Indlela yokufundisa esekelwe kwiitekisi kunye **nendlela yokufundisa ulwimi ngokulusebenzisa** zixhomekeke kakhulu ekusetyenzisweni rhoqo nasekuvelisweni kweendidi ngeendidi zeetekisi.

Indlela yokufundisa esekelwe kwiitekisi ifundisa abafundi ukuba babe ngabafundi, ababhali, abaphononongi nabayili abagqwesileyo, abazithembileyo nabaqayayo. Oku kubandakanya ukuphulaphula, ukufunda, ukubukela nokuhlalutya iitekisi ukwenzela ukuqonda indlela eziveliswe ngayo nefuthe lazo. Le nto iphuhlisa izakhono zabafundi zokuphengulula nokuphendla iitekisi gabalala. Iitekisi zoqobo ngowona mthombo ekusekelwa kuwo umxholo nemeko yokufundwa nokufundiswa kolwimi ngendlela enxibelelanayo nedibeneyo. Indlela yokufundisa esekelwe kwiitekisi ikwabandakanya ukuveliswa kweendidi ngeendidi zeetekisi ezilungiselelwe iinjongo ezithile nabaphulaphuli/abafundi abathile. Le ndlela isekelwe kwingqiqo yokwazi indlela iitekisi ezakhiwe ngayo.

Indlela yokufundisa ulwimi ngokulusebenzisa icebisa ukuba xa efunda ulwimi, umfundi makanikwe ithuba elaneleyo lokulusebenzisa olu lwimi alufundayo kunye namathuba okuziqhelisa okanye ukuqhagamshelana esebenzisa lona. Abafundi bafunda ukufunda ngokuthi banikwe babe nezinto abazifundayo kananjalo nokubhala

bakufunda ngokunikwa amathuba amaninzi okubhala.

Indlela yokufundisa ngokwenkqubo isetyenziswa xa abafundi befunda ze bavelisa iitekisi zomlomo nezibhaliweyo. Abafundi bathabatha inxaxheba kumanqanaba ahlukeneyo eenkqubo zokuphulaphula, ukuthetha, ukufunda nokubhala. Mabacinge ngababukeli/abaphulaphuli nangenjongo xa besenza ezi nkqubo abafundi. Loo nto iya kubenza bakwazi ukuqhagamshelana, ukuthetha nokuveza iimbono zabo ngobuchule. Umzekelo, ukufundiswa kokubhala akugxininisi kwisiphumo kuphela, koko kugxininisa nakwinjongo nenkqubo yokubhala. Ngexesha lenkqubo yokubhala abafundi bafundiswa indlela yokuvelisa izimvo, ukucinga malunga nenjongo, nabantu abaza kufunda umsebenzi wabo, ukubhala iidrafti, ukuhlela umsebenzi wabo nokunikezela ngaloo nto bayibhalileyo bedandalazisa iingcinga zabo.

Iindlela zokufundiswa koncwadi

Esona sizathu sibalulekileyo sokufunda uncwadi eklasini kukukhulisa uvakalelo lwabafundi kusetyenziso lolwimi ngendlela ecollekileyo, enobuchule, enongiweyo, enemifanekiso-ngqondweni nemiqondiso nenzulileyo kunokuba befunda enye into engelulo uncwadi. Nangona ezinye iitekisi zoncwadi izezokuzonwabisa, ukuhlelekisa, ukwandisa ulwazi, ababhali abazimiseleyo nabazinikezeleyo babhala iinoveli, imidlalo, isihobe kuba beneengcinga, imibono nemiba, imithetho-siseko, iimbono, neenkolelo abafunda ukwabelana ngazo nokuzivezela abafundi beencwadi zabo. Ingqikelelo ekusetyenzisweni kolwimi yenye yeendlela ezongeziweyo zokutyhila, ukomeleza nokugxininisa iingcinga zaba babhali.

Ukufundiswa koncwadi akukho lula, kodwa kunzima ngakumbi xa zingekho iingcinga zabafundi, ukufumana intsingiselo nokuphawula okunyanisekileyo okuvela kubafundi ngokwabo. Ngaphandle kokuba bazifundele ngokwabo ukuyazi intsingiselo engqalileyo yetekisi leyo, abayi kube bafunde okuninzi. Ootitshala mabazinxweme ekuchazeni uncwadi ngendlela abayiva ngayo incwadi, koko bavumele abafundi ukuba ibe ngabo abathabatha inxaxheba enkulu xa kuhlalutywa. Uhlalutywa okanye ukuchazwa kwencwadi akukho malunga nokuchaneka okanye ukungachaneki kwezimvo. Koko kukukhangela intsingiselo kulowo uyifundayo.

Ezona ndlela zingcono zokufundisa uncwadi zinokuquka ezinye zezi okanye zonke ezi zilandelayo:

- Ukufunda itekisi eklasini ngaphandle kokuphazanyiswa ngomnye umsebenzi. Oku akunakuthatha ngaphezulu kweeveki ezimbini. Kubalulekile ukuba abafundi babe nolwazi olucacileyo ngokuqhubekayo nokungundoqo wetekisi (ukuba ingantoni). Ukufunda itekisi ithuba elide kukwenza ulahlekane nesakhiwo nomxholo; funda isiqwanaqwana ngethutyana ukuze uve okuthethwayo. Kwiiklasi ezininzi itekisi ifundwa ngaphandle kwale nkxaso. Oku makukhuthazwe. Fundisa *isihobe gabalala*, *hayi imibongo*. Fundani imibongo emininzi kangangoko ninako eklasini ze uqiniseke ukuba abafundi nabo babhala eyabo imibongo.
- Ukuhlalutywa koncwadi kubaluleke kakhulu kwimfundo yaseyunivesithi. Kulo mgangatho abafanelanga kufunda uhlalutywa oluntsonkothileyo. Kodwa ke wonke umsebenzi wokufundisa abafundi uncwadi kukubonisa ukuba ulwimi lwabo lwasekhaya lungasetyenziswa mayana, ngobukrelekrele, ngokuqikelela nangokuvulelekileyo. Oku kuthetha ukuqwalaselisisa ukuba itekisi yakhiwe njani, ubuchule obusetyenzisiweyo nokucwangciswa kwayo ngokutsha ukucacisa nokugxininisa loo nto iboniswayo. Lo msebenzi unokufuna uqwalaselo lobukho nokungabikho kwemifanekiso-ngqondweni? Nguwuphi umfanekiso-ngqondweni ophuhliswa ngumbhali? Usetyenziselwe ntoni? Ukwakhiwa kwezivakalisi nemihlathi, okanye ubume bemibongo, amagama akhethiweyo, umxholo kwitekisi jikelele, ukusetyenziswa kwemiqondiso, isandi, umbala, apho kuyimfumeke. Uninzi lwalo msebenzi maluxhomekeke kuloo ncwadi ifundwayo, kodwa ukuhlalutywa komqolo ngomqolo kulo naluphi uncwadi olubhaliweyo akumkhulisi umfundi.

- Ubugcisa bokubhala kufuneka buhambelane ngqongqo nokufundiswa kwayo nayiphi na itekisi yoncwadi. Imisebenzi ebhalwayo efuna ngamandla ulwazi lwetekisi efundiweyo ifunyaniswa ukuba incedisa ngakumbi ukuseka izinga eliphakamileyo lokuxabisa/lokuhluza kwicala labafundi. Iingxoxo zaseklasini zingaba nempumelelo xa wonke ubani enokuthabatha inxaxheba. Kodwa ezo ngxoxo zigqibela ngokuba ngumsebenzi obhaliweyo zezona zifezekisa injongo ecacileyo, yaye zancedisa kokubini, kwizakhono zokuthetha nezokubhala.
- Elokugqibela, kubalulekile ukwazi ukuba uncwadi ayizompendulo zichanekileyo. Itekisi xa iyonke icacisa into ngokuzeleyo, hayi ngokweziqendwana zayo; ukufundiswa kwetekisi okulungileyo kuquka yonke itekisi ekuchazweni kwentsingiselo yayo, ukwakhiwa, izimvo zakho, nokuphononongwa kwayo.

2.6 ULwabiwo lweXesha kwiKharityhulam

Ixesha lokufundisa uLwimi lwaseKhaya ziiyure ezi-4.5 ngeveki kwiiveki ezingama-40 zonyaka. Wonke umxholo wolwimi wabelwe iiveki ezimbini, oko kukuthi ziyure ezili-9 ngeveki ezimbini. **Akunyanzelekanga ukuba ootitshala balandele eli xesha leeveki ezimbini kodwa kufuneka baqiniseke ukuba izakhono zokufunda, ngakumbi ezokufunda nokubhala iitekisi zenziwa kangangoko.** Ixesha elabelwe izakhono zolwimi ezahlukeneyo kwiBanga le-10 nele-11 ziiveki ezingama-36. Iiveki ezine zimele iimviwo. Ixesha loLwimi lwaseKhaya kwiBanga le-12 ziiveki ezingama-30. Iiveki ezilishumi zezoviwo.

Kwithayimtheyibhile ulwimi malwabelwe iiphiriyodi ezimbini ezidibeneyo ngeveki. Kulwabiwo lweveki ezimbini zokufundisa izakhono ezahlukeyo zolwimi kucetyiswa eli xesha lilandelayo:

Izakhono	Ulwabiwo lwexesha lweveki ezimbini (ngokweeyure)	%
*UkuPhulaphula nokuThetha	1	10
*UkuFunda nokuBukela: isiCatshulwa noNcwadi:	4	45
*UkuBhala nokuNikezela	4	45

*Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi zidityanisiwe kulwabiwo lwexesha lwezakhono ezikhankanywe apha ngasentla.

2.7 Iimfuno zokufundiswa koLwimi lwaseKhaya njengesifundo

- Umfundi ngamnye kufuneka abe noku kulandelayo:
 - (a) Incwadi emiselweyo yolwimi
 - (b) Ezi ndidi zoncwadi zivunyiweyo /ziphunyeziweyo:
 - Inoveli / Uncwadi lwemveli
 - Idrama
 - Isihobe
 - (c) Isichazi-magama
 - (d) Izixhobo zokusasaza iindaba: Ingqokelela yamaphephandaba neemagazini

- Utitshala kufuneka abe noku kulandelayo:

(a) *INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola*

(b) *ILanguage in Education Policy (LiEP)*

(c) Incwadi emiselweyo yolwimi esetyenziswa ngabafundi nezinye ezinokusetyenziswa

(d) Ezi ndidi zoncwadi zivunyiweyo/ziphunyeziweyo:

Inoveli / Uncwadi lwemveli

Idrama

Isihobe

(e) Izichazi-magama

(f) Izixhobo zokusasaza iindaba: Ingqokelela yamaphephandaba, iimagazini neebrowutsha

ICANDELO LESI-3: UMXHOLO NEZICWANGCISO ZOKUFUNDISA IZAKHONO ZOLWIMI

Eli candelo lahlulwe KABINI: linesishwankathelo sezakhono, umxholo neendlela zokufundisa, kunye neziCwangciso zokuFundisa.

3.1 UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukuphulaphula nokuthetha zizakhono ezahlukeneyo kodwa ezisebenzisanayo. Zozibini zisoloko zisebenziseka eklasini zinganikwanga ngqalelo xa abafundi befumana ulwazi kanti naxa bexoxa ngolwazi oluthile. Ukuphulaphula nokuthetha okusesikweni kwiimo ezikhethekileyo, umzekelo, kwingxoxo-mpikiswano, kunyanzelisa ukuba kufundiswe ngokungqalileyo. Ukuphulaphula nokuthetha okusesikweni nokungekho sikweni kuhlanganiswe nokufunda, ukubhala nokusetyenziswa kolwimi yaye ukuthetha kunokuyenza itekisi ebhaliweyo ibe yeviwayo (umzekelo, ukufunda ngokukhwaza).

UKUPHULAPHULA

Inkqubo yokuphulaphula

Ukufundisa ukuphulaphula kubandakanya ukusebenza ngemiba eyinxalenye yenkqubo yokuphulaphula. Lo ngumsebenzi ontlantlu-ntathu obonisa iindlela zokuphulaphula ngokuzimeleyo ukwenzela ukucazulula nokuqonda intetho nezinye iimo eziviwayo. Akuyi kusoloko kusetyenziswa onke amanyathelo enkqubo yokubhala ngalo lonke ixesha. Umzekelo, xa abafundi bephulaphule ingcaciso eshicilelweyo, kufuneka banikwe umsebenzi **phambi kokuba baphulaphule**, msebenzi lowo oza kubaxhobisa ngokuphulaphulisisa ubancedise ukunxulumanisa abakwaziyo namava abo. **Imisebenzi yangexesha bephulaphule** iza kubanceda ukuba bakhumbule iinkcukacha baphonononge nomyalezo. **Emva kokuphulaphula** kuza kugxininisa koko abafundi bakuvileyo, loo nto isenzeka ngexesha kuqhutywa ingxoxo.

Phambi kokuphulaphula

- Ukwakha imeko/ubume
- Ukwenza ukuba abafundi babe nomdla wokufunda
- Ukuvuselela isigama sabafundi
- Abafundi bathelekelela umongo
- Ukuvuselela ulwazi asele benalo abafundi
- Ukuvuselela ulwazi lwabafundi lwangaphambili
- Ukuqwalasela imigangatho yokuphulaphula
- Abafundi bafumana injongo yokuphulaphula

Ngeli xesha uphulaphuleyo

- Ukuhlalutya
 - o Umyalezo
 - o Isithethi
 - o Ubungqina besithethi, indlela esicinga nesicenga/nesithundeza ngayo
- Ukunxulumanisa iingcinga zesithethi
- Ukufumana intsingiselo
- Ukubuza imibuzo
- Ukuthatha izigqibo kwaye uqinisekise ngokuthelekelela obekwenziwe
- Ukucingisisa ze uphonononge

Emva kokuphulaphula

- Utishala/umfundi ubuza imibuzo
- Abafundi bathetha ngokuthethwe sisithethi
- Abafundi bashwankathela ngomlomo oko bebekuphulaphule
- Abafundi baphinda baqwalasele amanqaku abawabhale ngethuba bephulaphule
- Abafundi bacingisisa baze baphonononge ngokunzulu oko bakuvileyo
 - o Abafundi benza imisebenzi eza kwakha imiba abayifundileyo
 - o Abafundi bacingisisa oko bekuphulaphulwe

Iintlobo ngeentlobo zokuphulaphula

Ukuphulaphula, kunokuba nje, ngundoqo wokujongana ngengqiqo nayo nayiphi na imeko ohlangana nayo koko kukungqongileyo. Kwilizwe apho kusetyenziswa khona ubuchwepheshe obufana nezandi, amazwi, umculo, nokuthetha, kubalulekile ukufunda ukuphulaphula loo nto inentsingiselo kuphela. Okuninzi koku kudweliswe apha ngezantsi, okwenzeka kumanqanaba ohlukeneyo enkqubo yokuphulaphula ekuthethwe ngayo apha ngentla, kunokungaqheleki kubafundi kwesi sigaba, yaye ootitshala kufuneka basebenze kwezo nkqubo bafumanisa ukuba kusafuneka begxininise kuzo kuphela.

Ukuphulaphulela ukufumana ulwazi oluthile

- Ukuvuselela ulwazi onalo kuqala phambi kokuba uphulaphule
- Ukuqondisisa injongo yesithethi
- Ukuphulaphulisisa ze ubonise umdla
- Ukukhangela intsingiselo

- Ukujonga ukuba umyalezo uyavakala na ngokuthi unxulumanise, uqikelele uze ungqiniseke olo qikelelo, uthatha izigqibo, uphonononge, ucingiseke ze ucinge kwakhona malunga nokuvileyo
- Ukuthabatha amanqaku anentsingiselo ugqabaza, ubonisa icala eya ngakulo intetho, uyibeka kuhlobo oluthile, ushwankathela, usenza iitshekilisti, ubeka intetho ngamazwi akho, ubalisa kwakhona, ucacise
- Ukuqonda umyalezo ovela kwisithethi
- Ukuqwalasela/ukujonga intsingiselo nomsebenzi wamagama
- Ukuchonga, ukufumana intsingiselo ze uphonononge imiyalezo
- Ukuphulaphula imiyalelo, izalathiso nemigaqo emayilandelwe
- Ukukhangela iingcinga ezingundoqo nezixhasayo
- Ukusebenzisa ulwazi ngokuthelekisa, ukuphulaphula imiyalelo, ukuvala izikhewu, ukuqwalasela umahluko, ukukorekisha imiba ethile, ukudlulisa ulwazi, ukulandalelanisa, ukudibanisa, ukuze uchaze intsingiselo
- Ukulandelela loo ntetho ibisenziwa: ngokuphendula imibuzo, ukuqwalasela kwakhona amanqaku akho obuwabhalile, ukuhlela iingcinga, ukushwankathela, ukucacisa, ukucingisisa, ukuthetha okanye ubhale

Ukuphulaphulela ukuhlalutya nokuphonononga ngokunzulu

Uninzi lwezi nkqubo zidweliswe apha ngezantsi ziluncedo ekufundeni iitekisi zoncwadi, kwizibhengezo nakumaxhwebhu ezopolitiko. Emva komsebenzi wokuphulaphula, ootitshala badla ngokuvulela amathuba okuxoxa, kodwa kuluncedo ukuba emva kwengxoxo benze umsebenzi obhaliweyo. Kungacatshulwa isicatshulwa esithathwe kumculo wesandi sefilim sisityenziswe ukuqala isincoko esibalisayo. (“Yintoni kanye le uyivayo? Funa intsingiselo yayo.”). Ukukhethwa kwamagama ‘achukumisayo’ ze avuselele imizwa (iimvakalelo) kwintetho, okanye ekufundeni umbongo kungaqukwa ekubhaleni okuhambelana naloo meko okanye loo nto ubhala ngayo. Quka la magama kwintetho ephikisanayo naleyo ithethwa sisithethi; okanye uwasebenzise kumbongo wakho ukuze ulwazi lwakho lwamagama lucace.

- Ukukhetha uchaze intsingiselo yokusetyenziswa kolwimi, olulukuhlayo noluqhathayo, olunika ingcinga ecalanye nedlelelelayo, ingcinga ebethelelekileyo engeyonyaniso
- Ukwahlula phakathi kwenyani noluvo
- Ukubonakalisa ulwazi malunga nethoni, isantya nokusetyenziswa kolwimi
- Ukuphendula kwisimbo, ithoni nerejista uphonononge ngendlela efanelekileyo
- Ukuqonda ze uqiqisise indlela ulwazi olulandelelana ngayo
- Ukuthelekelela ze uveze ubungqina
- Ukuthelekelela ze uqikelele iziqhamo zoko/iziphumo zoko
- Ukuphendula ngokusetyenziswa kolwimi, ukhetho lwamagama, ifomathi, ukubizwa/uphimiselo lwamagama.

Ukuphulaphulela ukuncoma nokuqhagamshelana

Le misebenzi yokuphulaphula yenzeka ngokulula kwiingxoxo-mpikiswano, iingxoxo zamaqela amancinci, nakuyo nayiphi na ingxoxo elungiselelweyo. Ukubukela iikliphu zefilim kungaba luncedo kakhulu ekuhlahleleni ezi mpawu zidweliswe apha ngezantsi:

- Ukuphendula kwiimeko ngeemeko zoqhagamshelwano
- Ukusebenzisa imigaqo yokunikana amathuba xa nincokola.
- Ukubuza imibuzo ukuqhubela phambili incoko.
- Ukuphendula kulwimi, izijekulo, ukunamathelisa iliso nokusebenzisa amalungu omzimba.
- Ukubonisa ukuzalana phakathi kolwimi nenkcubeko ngokubonakalisa intlonipho kumasiko nezithethe.
- Ukuhlomla ngexabiso lobuchule nobugcisa beetekisi zomlomo, umz. Isingqisho, isantya, ii-ifikthi zesandi esiphulaphulwayo, imifanekiso-ntelekelelo, izijekulo ezihamba kunye netekisi leyo.

UKUTHETHA

Ukuba abafundi ekupheleni kweli inqanaba lemfundo yabo bangakwazi ukuthetha lula, ngokuqhabalaka nangokugqibeleleyo, bangaba bafumene eyona nto ibalulekileyo ebomini babo bobuqu noboqeqesho. Ukwakha ukuzithemba kubaluleke kakhulu kunabo nabuphi na ubuchule bentetho yasesidlangalaleni. Abafundi kufuneka bazi ukuba xa bethetha akukho siphoxo nantsini/intlekisa kwaye mabaqiniseke ukuba bafumana inkxaso nenkuthazo epheleleyo kutitshala ngalo lonke ixesha.

Abafundi bafundisiwe ubuncinane zonke iindlela ezingundoqo zokwenza intetho esulungekileyo kweli phambi kokuba bafike kweli bakala. Fundisa abafundi oko kufuneka bekwazile kuphela.

Inkqubo yokuthetha

Ukufundiswa kokuthetha makudibanise ezi ndlela nale migaqo yoqhagamshelwano ilandelayo.

- Ukucwangcisa, ukuphanda nokulungiselela
- Ukuziqhelisa nokunikezela

Ukucwangcisa, ukuphanda nokulungiselela

Abafundi mabakwazi ukubonisa izakhono zokucwangcisa, zokuphanda, nokulungisa ukulungiselela intetho yomlomo:

- Ngokusebenzisa irejista, isimbo, ilizwi (uvakalelo/izimvo) ngokwabantu abaphulaphuleyo, injongo, imeko nomongo;
- Ukusebenzisa ulwimi olwamkelekileyo;
- Ukubonisa ubuchule bokuqaphela iindlela olusetyenziswa ngayo ulwimi ngokunika iinyani nokuvelisa izimvo ngokwentsingiselo engundoqo / yentsusa, efihlakeleyo necingelwayo;
- Ukuchaza nokubonisa izithethe neendlela abacinga ngazo, ulwimi olulukuhlayo noluqhathayo, olunika ingcinga ecalanye nedlelelelayo, ingcinga ebethelekileyo engeyonyaniso

- Nokusebenzisa izixhobo ezifana nezichazi-magama neethesarasi ukukhetha awona magama afanelekileyo nachanekileyo ukuze bakwazi ukwenza intetho besebenzisa amanqaku abhaliweyo (iinowuthsi) nezancedisi, iitekisi ezibonwayo kunye/okanye neziviwayo neagrafu ukuncedisa ekwenzeni intetho ibe nomdla yaye ichaneke.

Ukuziqhelisa nokunikezela (ukwenza intetho)

Abafundi mabakwazi ukubonakalisa izakhono zabo zokwenza intetho yomlomo:

- Ngokuthetha ngqo nababukeli/abaphulaphuli bakho;
- Ukusebenzisa izixhobo ezininzi ukuqokelela ulwazi, nokufumana uluhlu lwamanqaku okuzixhasa nokunika imizekelo ngokweemfuno zomsebenzi;
- Ukusebenzisa intshayelelo edlwengula umxhelo nodlwabevu lwesiphelo; ukukhulisa ingcinga nengxoxo ngendlela ecacileyo nelandelelanayo; ugcine intetho yakho isemxholweni, ulumkela iintetho ezibheka ecaleni, uphindaphindo olungafunekiyo / olubaxekileyo, intetho esebenzisa amagama angenasongo ngenxa yokusetyenziswa njalo nentetho engangeni ndawo;
- Ukusebenzisa izakhiwo zokuhlela itekisi ezifana nezi zilandelayo: ezibonisa ukulandelelana kweziganeko, umba osematheni, unobangela nesiphumo, ukuthelekisa nokuchasanisa, isisombulolo sengxaki nokuqononondisisa;
- Ukusebenzisa imvakalozwi eyamkelekileyo;
- Ukunikezela nokukhulisa ingxoxo yokuzixhasa ecacileyo nokukhetha ubungqina obusemgangathweni (umz. iinkcukacha-manani, ubungqina, iimeko ezithile) kuquka into ekholelekayo, eyinyani, engqinekayo nefanelekileyo;
- Ukusebenzisa iindlela zokubiza abantu ezifanelekileyo okanye uphindaphindo (umz: manene nani manenekazi; nkosazana; gqirha ndifuna ukugxininisa ukuba...;
- Ukusebenzisa amagama, izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi eyamkelekileyo; kunye
- Nokusebenzisa ubuchule obuthethwa ngomlomo nobungathethwayo (umz. Usetyenziso lwethoni/ imvakalozwi, kwelizwi, isithuba / isingqi, ukubekwa kwamazwi entetho, unamatheliso lwamehlo, iintshukumo zobuso, izijekulo neentshukumo zomzimba) ngokuchanekileyo xa kusenziwa intetho.

limpawu nemigaqo yeetekisi zeorali

Intetho elungiselelweyo

Yonke into edweliswe phantsi kokuNikezela iyasebenza nalapha:

Intetho engalungiselelwanga

- Ukusetyenziswa kwethoni / imvakalozwi, ukuhla nokunyuka kwelizwi, isantya sokuthetha, ukunamathelisa amehlo, indlela yokuma nezijekulo
- Ukusetyenziswa kwesigama esichanekileyo nezakhi zolwimi
- Ukusetyenziswa kwentshayeleyo nesiphelo esichanekileyo nesigqibeleleyo

Udliwano-ndlebe

- Ukusebenzisa izakhono zokubuza imibuzo, zokutshintsha iingqondo zabantu, ukubhala amanqaku, ukushwankathela, izakhono zokushwankathela nezijekulo ngokufanelekileyo.
- Ukucwangcisa ze ulungise: qaphela injongo, ulwazi lwangaphambili, uyilo, imibuzo, ixesha, indawo, ukulandelelana kwemiba nobunjani bendawo (jonga iimpawu zokubhala).
- Ukusebenzisa iindlela zokuqhuba udliwano-ndlebe ezibekwe ngokwamabinzana:
 - o Intshayelelo (ukuzazisa; ukunika injongo)
 - o Umoya wokuzithemba
 - o Imibuzo (ukubuza uqala ngemibuzo ephangaleleyo usiya kuleyo ingqalileyo, imibuzo efanelekileyo; ukusebenzisa ulwimi lwabantu abadala, olucingelayo, oluhloniphekileyo noluguqulela ingqondo luyizisa kule nto ithethwayo; ukuphulaphulisisa; ukuphonononga impendulo, phendula ngokwanelisayo ukubonisa ukuba uyayazi le nto uthetha ngayo)
 - o Isishwankathelo (ukubhala phantsi iimpendulo ngokubhala amanqaku; ukushwankathela; ulandelelanisa iimpendulo neenkukacha ezibalulekileyo).
 - o Ukuvala (ukubulela obuzwayo; ukunika iinkukacha zoqhagamshelwano).

Ukwaziswa kwesithethi

- Ukwazisa isithethi kubaphulaphuli ngokweenkukacha eziyimfuneko njengoko kwamkelekile.
- Ukucwangcisa, ulungisa uze unikezele.
- Ukusebenzisa ulwimi olunesidima ukwamkela nokwazisa isithethi. Ungazami ukuhlelisa.
- Ukuphanda kwisithethi usenzela ukufumana ulwazi olunxulumene naso nolwimi esifuna lusetyenziswe xa sisaziswa.
- Ukubuza kwisithethi into esifuna uyisebenzise xa usazisa ngokwesivi (CV) yaso.
- Ukuthi gqaba gqaba ngemvelaphi yesithethi eso.
- Ukunika ingxelo emfutshane ngobomi baso basesikolweni, amakhondo, iziqinisekiso zemfundo neenkukacha zaso zokusebenza.
- Ukuchaza izinto esizithandayo, kuphela xa imeko ifuna zona ngokwentetho esiza kuyenza.
- Ukunika ezona zinto zibalulekileyo ezisifumeneyo isithethi - iimpumelelo zaso.
- Ukunxulumanisa oku kusazisa kwakho nomxholo womcimbi esimenyelwe ukuba size kuthetha kuwo, umz. kutheni isithethi simenyelwe ukuthetha kulo msitho.
- Ukuxela igama lesithethi ekugqibeleni, uqiniseke ukuba ulibiza ngendlela eyiyo.
- Ukuqiniseka ukuba oku kusazisa kwakho kufutshane: abaphulaphuli baze kuphulaphula isithethi hayi umntu owazisa isithethi.

Ukudlulisa ilizwi lombulelo

Ukudlulisa ilizwi lombulelo kwisithethi emva kokwenza intetho yaso kubaphulaphuli:

- Ukucwangcisa, ukulungisa uze unikezele.
- Ukuphulaphulisa isithethi ukuze ukwazi ukufumana amagqabantshintshi entetho yaso.
- Ukuchonga amanqaku angundoqo entetho yaso, umz. ukubulela isithethi eso ngengcinga nemiba emitsha esinityhilele yona.
- Ukwenza umbulelo omfutshane ongqalileyo.

INgxoxo yePhaneli

- Isithethi ngasinye masithethe ngomba othile wesihloko
- Sebenzisa amabinzana ngokwemigaqo yengxoxo yephaneli
- Imisebenzi yomhlali-ngaphambili:
 - o Ukugcina ucwangco
 - o Ukulawula ixesha
 - o Ukulandela iajenda
 - o Ukukhuthaza ukuthabatha inxaxheba
 - o Ukuba phakathi naphakathi, angakhethi cala
 - o Ukufuna izindululo okanye iivoti

Ingxoxo engekho sesikweni / incoko

- Ukuqala uqhube incoko
- Ukusebenzisa imigaqo yokunikana amathuba xa nincokola
- Ukuxhasa uluvo lwakho
- Ukwenza uthetha-thethwano olujonge kwisivumelwano
- Ukuvala izikhewu xa uncokola usenzela ukukhuthaza lowo uncokola naye ukuba aqhube nencoko
- Ukuthetha ngeembono namava akho ubonise ulwazi lwemiba enincokola ngayo

Ingxoxo-mpikiswano

- **Isindululo/isiphakamiso:** yintetho axoxa ngayo amaqela amabini umz. Ukutshatyalaliswa kwezixhobo sesona sisombululo esinokuzisa uxolo nokhuseleko.
- **lintetho eziphikisanayo:** zichaza ukuba kutheni elinye iqela liphikisana nelinye.
- **Izithethi ezivumelana nesihloko:** zivumelana nesindululo/isiphakamiso. Iqela elivumelana nesihloko lisoloko linoxanduva lokungqinelana nesihloko kwaye ingxoxo iqalwa lilo iphinde ivalwe lilo.
- **Izithethi eziphikisana nesihloko:** ziphikisana nazo zonke izigqibo ngokuthi ziveze izimvo ezichasene nesihloko, bazixhase ngezabo izimvo.

Imigaqo yengxoxo-mpikiswano

- Isithethi esivumelana nesihloko sibeka ingxoxo nezizathu ezixhasayo.
- Isithethi sokuqala esiphikisana nesihloko sibeka ingxoxo nezizathu ezixhasayo zeqela laso
- Isithethi sesibini esivumelana nesihloko sibeka izizathu ezixhasayo zeqela laso,
- Isithethi sesibini esiphikisana nesihloko sibeka izizathu ezixhasayo zeqela laso
- Iqela elivumelana nesihloko neqela eliphikisayo anikwa imizuzu emi-5 - 10 yokuya kuzilungiselela **iintetho eziphikisayo**.
- Iqela ngalinye linyanzelekile ukuba liphikise izizathu ezixhasayo zeqela eliphikisana nalo ukwenzela ukuqinisa nokukhusela ingxoxo yalo.
- Iqela eliphikisayo linika iimpikiswano ezimbini ezichasene nezizathu ezixhasayo ezimbini zeqela elivumelana nesihloko, ze linike izizathu zalo ezibini.
- Iqela elivumelana nesihloko lenza iimpikiswano ezimbini ezichasene nezizathu ezixhasayo ezimbini zeqela eliphikisayo ze linike izizathu zalo ezibini.

Ubude betekisi emazisetyenziswe ukuphulaphulela ukuqonda

litekisi	IBanga	Ubude betekisi ngokwamagama (amagama)
<ul style="list-style-type: none"> • litekisi zentetho yomlomo / zeorali, ezibonwayo, eziviwa-zibonwa, ezemalithimidiya ezifana namanqaku emagazini, amaphephandaba, iikhathuni, izibhengezo. • Izichazi-magama/iithesarasi • litekisi eziviwayo (ukuphulaphulela ukuqonda: ikliphu edlala ubude bemizuzu emibini kwiBanga 10 nele-11 kunye nekliphu edlala imizuzu emithathu kwiBanga le-12). Ezi tekisi maziphulaphulwe ubuncinane kabini phambi kokuhlola. • Incwadi yeenombolo zefowuni, izikhokelo namaxesha eenkqubo zeTV • Imihlathi neetekisi zobugcisa • litekisi eziqulethe ulwazi nezalathiso • litekisi zokuzixhobisa ngolwazi • litekisi eziviwa-zibonwa (iifilim, iinkqubo namaxesha eenkqubo zeTV needotyumentari, imiboniso yezilayidi, amacwecwe, iinkqubo zerediyo, iifoto, iividiyo zamacwecwe omculo) 	IBanga 10	Amagama angama-150
	IBanga 11	Amagama angama-250
	IBanga 12	Amagama angama-350
<p>OKANYE uvavanyo lwemizuzu engama-30 (oluquka ikliphu ephulaphulwayo yemizuzu emibini [iBanga le-10 nele-11], nekliphu ephulaphulwayo yemizuzu emithathu [iBanga le-12] kunye nokuphendula imibuzo emalunga noko bekuphulaphulwe)</p>		

Ubungakanani obucetyiswayo bexesha elabelwa iitekisi zeorali

litekisi	Ixesha IBanga 10-12 (imizuzu)
Iincoko, iingxoxo-mpikiswano, iingxoxo zeforam / zeqela/ zephaneli	imizuzu engama-20 - 30
Ingxoxo yababini	imizuzu emi-6 - 8
Izalathiso nemiyalelo	imizuzu emi-4 - 5
Udliwano-ndlebe	imizuzu eli-10 -15
Ukwazisa isithethi, ilizwi lombulelo	imizuzu emi-4 - 5
Intetho elungiselelweyo, ingxelo, irivyu	imizuzu emi-4 - 5
Intetho engalungiselelwanga	imizuzu emi-2 - 3
Ukubalisa ibali	imizuzu esi-8 - 10
Intlanganiso nemigaqo yayo	imizuzu eli-10 -15

3.2 UKUFUNDA NOKUBUKELA

Eli candelo linika umkhomba-ndlela wenkqubo yokufunda nokubukela kunye neendlela ezinokusetyenziswa ukuqonda iitekisi zoncwadi nezingezozoncwadi. Ukufunda / ukubukela kudibanisa imiba emibini: ukufunda nokusebenzisa ubuchule bokucazulula nokuqonda iitekisi, ukufunda nokusebenzisa ulwazi lweempawu zeetekisi. Yomibini le miba mayenziwe xa kufundiswa ukufunda / ukubukela kwiitekisi zoncwadi nezingezozoncwadi.

Umxholo wokufunda / wokubukela wenziwe ngolu hlobo: ukufundela ukuqonda, ukufundela ufundo olusesikweni (uncwadi olumiselweyo) kunye ukuzifundela ngokuzimeleyo okwandisiweyo.

Inkqubo yokufunda

Ukufundisa ukufunda uya kusekelwa kwizikrweqe ezisetyenziswayo kwinkqubo yokufunda. Lo myalelo wokufunda unokuquka amanyathelo amathathu okucazulula indlela eqondwa ngayo iitekisi. La manqanaba ale nkqubo akayi kusetyenziswa ngalo lonke ixesha kufundwa. Umzekelo, xa abafundi befunda udidi lwetekisi okanye loncwadi olungaqhelekanga kubo okanye abaqala ukudibana nalo kuya kufuneka benze umsebenzi waphambi kokufunda obabonisa iimpawu eziphambili zolu hlobo lwetekisi, loo nto ibancedisa ekunxulumaniseni oko kubhaliweyo kwitekisi namava abo. Imisebenzi yangexesha lokufunda ixhobisa abafundi ukuba bakwazi ukuhlalutya isakhiwo sayo kunye neempawu zolwimi ngokunzulu. **Emva kokufunda** kusenokukhuthazwa abafundi ukuba babhale ngokwabo udidi loncwadi ngetekisi ebhaliweyo abaziyilele ngokwabo.

Inkqubo yaphambi kokufunda

Iqhelisa abafundi iitekisi. Oku kuvuselela unxulumaniso lolwazi abasele benalo nolo lukwitekisi.

- Ukufunda ngokukrwaqula nokubalekisa amehlo / ngokukhawuleza ungacoseleli (ukuskima nokuskena) iimpawu zetekisi, umz: igama lencwadi, izihloko, izihlokwana inkcukacha zezinto ezibonakalayo nemizobo, umz. ifonti nokudwelisa ngamanani, uyilo, i-ayikhoni, izalathiso, itshathi, imizobo, iimephu, nezinye iimpawu ezifumaneka kwetekisi ngokwahlukana, ukudwelisa ngamanani, iimephu, iimenyu ezivela zisehla wakuzicofa ekhompuyutheni, ukukhangela ngegama elingundoqo (ekhompuyutheni) njalo njalo.
- Ukukrwaqula nokubalekisa amehlo ukhangela iindawo ezithile zencwadi, umz. isihloko, isalathiso, izahluko uluhlu lwamagama, i-indeksi, isihlomelo, iingcaciso eziba sekupheleni kwephepha
- Ukuqikelela usebenzisa iinkcukacha ozifumene ngethuba ubalekisa amehlo kwitekisi
- Ukujongana naso nasiphi isigama esingundoqo esinokuba sesingaqhelekanga kubafundi

Inkqubo yangeli xesha ufundayo

Iquka ukufuna intsingiselo yetekisi nokuqwalasela iimpawu zayo.

- Ukubandakanyeka ekukhangeleni intsingiselo yetekisi
- Ukukhangela intsingiselo yamagama angaqhelekanga nemifanekiso usebenzisa izakhono zokusebenzisa ulwazi lwentsingiselo yamalungu amagama nokukhangela amagama ngokomxholo
- Ukusebenzisa indlela zokufundela ukuqonda ukujonga ukunxulumana kwetekisi, ukuhlola ukuba iyaqondwa na, ukukhulisa isantya sokufunda ngokobunzima beetekisi, ukufunda kwakhona apho kuyimfuneko, ukufunda okulandelayo kwitekisi ukhangela iinkcukacha ezinokuba luncedo, ukubuza nokuphendula imibuzo (ukusuka kweyona ilula ukuya kwenzinyana), ukuzenzela umfanekiso-ngqondweni, ukuthelekelela

ngokolwazi lwakho, ukufundela ukuva izimvo ezingundoqo, ukujonga ukuchongwa kwamagama nezakhiwo zolwimi, ukuxela uhlobo lwetekisi ngokokuma kwayo kwaneempawu zolwimi

- Ukubhala phantsi amanqaku (iinowuthsi) okanye ukushwankathela izimvo eziphambili nezixhasayo
- Ukuchonga, ukuhlalutya, ukucacisa intsingiselo nomsebenzi wezakhiwo zolwimi nemigaqo kwitekisi:
 - o Izihlanganisi: Okokuqala; kwelinye icala; okokuqala; kuba
 - o Izifinyezo nezifinyezo-nobumba (iikronimi)
 - o lintlobo zezenzi, amaxesha neemo zezenzi zisetyenziswe ngokuchanekileyo
 - o Izivakalisi ezilula, ezimbaxa /ezixandileyo, ezintsonkothileyo nezixananazileyo / ezintsokotho zixandile ngokusebenzisa amagatya, amabinzana nezihlanganisi
 - o Isixando sokwenziwa nesixando sokwenzana
 - o Intetho ngqo nengxelo-ntetho
 - o Ukulandelelana kakuhle kwamagama
 - o Izivumelanisi, inqaku, izikhankanyi, intsiza-senzi
 - o Uphawulo-ntetho, umz. iziphumlisi

Inkqubo yasemva kokufunda

Ixhobisa abafundi bakwazi ukuphengulula baphendule iitekisi ngokupheleleyo.

- Ukuphendula imibuzo emalunga netekisi ukususela kwimibuzo elula ukuya kwenzima
- Ukuthelekisa nokuchasanisa; ukucazulula (ukuphicotha) itekisi
- Ukuphonononga, ukwenza isigqibo sakho malunga netekisi nokudandalazisa uluvo lwakho
- Ukubhala olo didi loncwadi xa bebhala ezabo iitekisi (apho kufanelekileyo)
- Ukukhulisa ukuqaphela ngeliso elibukhali ukusetyenziswa kolwimi
 - o Inyani noluvo
 - o Intsingiselo engundoqo / yentsusa nefihlakeleyo
 - o Intsingiselo engundoqo / yentsusa, intsingiselo efihlakeleyo nentsingiselo ecingelwayo
 - o Imvelaphi yombhali neyetekisi malunga nezentlalo nepolitiko kanye nenkcubeko
 - o Ifuthe elibangelwa kokuchongwayo nokushiyelelwayo kwintsingiselo
 - o Ukuhambelana kolwimi namagunya

- o Ulwimi oluchukumisayo noluqhathayo, olunika ingcinga ecalanye / othambekela bucula nedlelelelayo, olunocalucalulo, ingcinga ebethelelekileyo engeyonyaniso, ulwimi olucengayo noluqweqwedisayo, indlela ezahlukeneyo zokusebenzisa ulwimi, ukuthelekelela, ukucingela, iingxoxo, injongo yokufaka okanye ukushiyelela ulwazi.

Ukucacisa iitekisi ezibonwayo (uluhlu lweetekisi ezizotyweyo nezibonwayo)

Abafundi abaninzi ulwazi balufumana ngokuphanda kwi-intanethi endaweni yencwadi. Ilitheresi yokubonwayo yinkalo ebalulekileyo yesifundo, yaye ikhompuyutha ngumthombo otyebileyo wolwazi. Qwalasela indlela ebaluleke ngayo indlela ekubhalwa ngayo (olumi ngayo ulwazi) kwiiwebhusayithi ezithandwayo; indlela abafaki bezibhengezo abawutsala ngayo umdla wabafundi bazo; indlela ukuhamba-hamba nombala ezidlala ngayo indima ephambili ekukulukuhleleni ukuba uye kwezinye iwebhusayithi.

- Ubuchule bokucenga: ulwimi oluchukumisayo, olucengayo, olunika ingcinga ecalanye / othambekela bucula, oluqhathayo Indlela ulwimi nemifanekiso oluveza ingayo izinto nokuxabisekileyo, imifanekiso nolwimi olunocalu-calulo ngokwesini, ngokobuhlanga, ngokobudala okanye oluxhomekeke ekuhlutshezweni ziingcinga ezingeyonyani kodwa esele zibethelelekile ezingqondweni ngakumbi kwizibhengezo
- Ifuthe lokusetyenziswa kweendidi zeefonti neesayizi, izihloko nengcaciso yemifanekiso.
- Ukuhlalutya, ukucacisa intsingiselo nokuphendla uluhlu lweekhathuni/ izicwili ezihlekisayo.

Ukuphuhlisa kwesigama nokusetyenziswa kolwimi

Ulwazi lwesigama nokusetyenziswa kolwimi makwaziswe kubafundi ngendlela asetyenziswe ngayo amagama kwitekisi leyo kubhalo gabalala nakwizibongo, amabali aqanjiweyo namabali ayinyani. Umz. xa kufundwa ngezafobe, kubalulekile ukuba kuxoxwe ngesafobe eso ukuze bacacelwe abafundi ukuba kutheni kusetyenziswe sona kunoba basichonge nje kwitekisi (mabawazi umsebenzi waso). Kubalulekile ukubuza imibuzo enjengale: 'Kutheni umbhali esebenzise olu hlobo lokuphetha nje?' Okanye 'Kutheni ephetha ngolu hlobo?' kunokubuza ukuba, 'Sisafobe sini esi asesebenzisileyo?' Buza umsebenzi waso.

Ugxininiso malube kwezi zinto zilandelayo:

- Ulwimi olunongiweyo nezixhobo zokulunonga: izaci, amaqhalo, izafobe, (isifaniso, isikweko, isimntwiso, ioksimoroni, uchananiso, izifanadumo, ubabazo, oontsingiselo-ninzi, isigqebelo, impoxo, uburharha, imiqondiso, isihlonipho, ipharadoksi, ukudlala ngamagama, iintetho ezibeka ngamazwi angephi, isinekdokhi, iantithesisi) Nangona kubalulekile ukuba zaziwe ezi zafobe, kufuneka abafundi bazifundiswe ngokwendlela ezisetyenziswe ngayo njengoko zisetyenziswe kwiitekisi zenyani, kwiprozi nakwisihobe, kuncwadi oluqanjiweyo noluyinyani.
- Umahluko phakathi kwentsingiselo engundoqo / yentsusa nentsingiselo efihlakeleyo
- Ukusetyenziswa kwezichazi-magama, iithesarasi nezinye iincwadi ukufumana intsingiselo, upelo, iziphumlisi, izakhi nezinye izigaba zentetho namagama angaqhelekanga.
- Ukufumana intsingiselo yezimaphambili nezimamva eziqhelekileyo (umz, isihlalo, abalimi, okanye umlambokazi, injana).
- Ukufumana intsingiselo yamagama nokuzalana kwawo namagama ahambelana nawo besebenzisa ulwazi lwabo lwengcambu, izimamva nezimaphambili

- Ukusetyenziswa kwemeko-bume yomxholo (umz. iingcaciso zezivakalisi ngokokusetyenziswa kwazo), iziphawuli-ntetho (*cues*) (iziphumlisi, iimpawu zocaphulo) neziphawuli-ntetho. ngokokubhalwa (umz. ukubhalwa ngqindilili) ukufumana intsingiselo yamagama angaqhelekanga.
- Ukwahlula phakathi kwamagama antsingiselo-ninzi (oontsingiselo-ninzi) kwitekisi ezilula malunga nesihloko.
- Ukuqaphela intetho esulelwa kwisihlo esithile / ezekeliswa nesehlo esithile umz. 'xa umntu ephumelele xa ebesenza into ethile kuye kuthiwe uno'umlingo kaMadiba.' Ukubonakalisa ulwazi malunga namabinzana, izaci namaqhalo.
- Ukuqwalasela kuba amagama aneemvelaphi yezinye iinkcubeko anafuthe/anampembelelo ni kwitekisi. (umz amagama athethwe kwezinye iilwimi, intetho engaphucukanga, ulwimi lwesizwana, amagama ohlanga oluthile.) Ukwahlula phakathi kwamagama abhidaniseka lula afana noomabizwafane, omabizwahluke, izifanokuth/izithethantonye, izichasi.
- Ukubalisa ibali okanye isivakalisi ngokutsha usebenzisa amagama ahlukeneyo (izithethantonye okanye izichasi).
- Ukusebenzisa igama elinye endaweni yebinzana.
- Ukusebenzisa oomahamba kunye

Izakhi zezivakalisi nokulungelelaniswa kweetekisi

Uninzi lwezi zinto zidweliswe apha ngasentla sezifundiwe kwezinye izahluko. Ukufundisa izakhi zolwimi kusebenza ngcono kwisifundo esibhalwayo xa abafundi benikwe ithuba lokuzibhalela nokuzisebenzisa babone amandla azo ngokucacileyo kunokuba bazikhethe kwitekisi ebhalwe ngomnye umntu.

- Ukuchonga uhlalutye isakhiwo / ubume beetekisi ezisetyenziswa kwiKharityhulam jikelele na kumagama adibanisa iingcinga /amagama abonisa okuthile: litekisi ezibonisa ulandelelwano, ingcaciso, isenzo nesiphumo, inkqubo elandelwayo, ukuthelekisa/ukuchasanisa, ukulandelelana ngokokubaluleka, ukulandelana/ukubekwa kwezinto ngokwesithuba, umhlathi obonisa ukhukhetha phakathi kwezinto, umhlathi obonisa ukuhlelwa kwezinto, umhlathi ocacisayo, umhlathi ophononongayo, umhlathi ochazayo, iitekisi ezinika izimvo ngemiba ethile, iingxelo, imihlathi yokuvala (jonga phantsi kofundiso nobhalo lwemihlathi).

Iimpawu zoncwadi

Kulapho ababhali baveza khona izimvo zabo. Ababhali abafanelekileyo abalusingeli phantsi ulwimi olumayana neelwimi zezizwana/zengingqi zesiXhosa. Noxa kubalulekile ukwazi nokusebenzisa iimpawu zoncwadi xa ufunda, kodwa okumandla nokubaluluke kakhulu kukwazi umsebenzi wazo nomyalezo odluliswa ngumbhali kubafundi.

Isihobe

Mibini imibuzo afanele azibuze yona umfundi xa efunda isihobe: Kuthethwa ngantoni? Ndazi kanjani? Umbuzo wesibini wongeza kulo wokuqala, owokuqala ukuxhobisa ngokuza kuvezwa ngowesibini. Bonke ababhali boncwadi babhala kuba benento yokuthetha - into enomtsalane nebalulekileyo kwelo qela labantu balibhalelayo. Sifunda itekisi ukuxhasa, ukucacisa, ukutyhila oko umbhali akuthethayo kuthi. Lo msebenzi uquka ukujonga ukusetyenziswa kolwimi, ukwakhiwa kwezivakalisi, iivesi nemibongo ngokubanzi, ukukhethwa kwemifanekiso, isingqisho, isandi; seemvakalelo ezivuselelwa yiloo mifanekiso-ngqondweni. Konke oku ziinzame zokufikelela kwisigqibo esibalulekileyo esibonisa ukuba imbongi ifuna ukuthini. Kunqabile ukuba kubekho isigqibo ekufundweni kombongo osemgangathweni.

Ezi zinto zidweliswe apha ngezantsi ziza kukwenza uwazi umyalezo:

- Intsingiselo engundoqo / yentsusa
- Intsingiselo efihlakeleyo
- Imo
- Umongo nemfundiso
- Umfanekiso ngqondweni
- lizafobe, imifanekiso-ntelekelelo, uchongo lwamagama (ingcaciso-mazwi), ithowuni, imiqondiso ,iimvakalelo. Izitanza, amalungu, iimpawu zokubhala, uphindaphindo, imiqondiso yezandi, (imfanozandi, imvumelwano-sandi, nokufana kwezikhamiso ezicinezelweyo kumagama amabini, imvano siphelo, isingqisho, isifanadumo, injambamenti.

IDrama

Idrama ayinomagama nolwimi nje kuphela: yintshukumo, ilizwi, ukukhanya nobumnyama, intsebenziswano, ukwenziwa komdlalo eqongeni. Indlela oqhubeka ngayo umdlalo ibalulekile, indlela abadlali abadlala ngayo, benza ntoni? Abathethi nini? inkangeleko yobuso iyitshintsha njani intsingiselo yomqolo? - konke oku kuyalahleka xa umdlalo uwufunda njengenoveli. Noxa kunjalo akulunganga ukubonisa ividiyo yomdlalo ungekayifundisi/abafundi bengakayifundi ngokupheleleyo, bayixoxe ze bayidlale eklasini. Ngaphandle koko ividiyo ingawona umdlalo, kuncinci okuthi kone indlela eqondwa ngayo intsingiselo.

Inggikelelo idlala indima eenkulu ekufundweni komdlalo. Ukuba nombono wokuba abadlali banjani, imiqolo mingaphi, isithethi sithetha into eyiyo na, zezona zinto zidlala indima enkulu ekusebenzeni ngedrama eklasini. Isakhiwo nezakhiwana, iindima yabalinganiswa, ukubunjwa kwabo, isimo sentlalo nengabula-zigcawu (kuphela apho iya kuba yimfuneko ukuze uqondwe umdlalo), isantya, ukusetyenziswa kwemiqondiso, isigqebelo, izalathiso zaseqongeni, isihlekiso, intlekele okanye impoxo, zonke izithako zohlalutyo zibalulekile ukuba zifundwe xa kuhlalutywa idrama.

Oku kulandelayo kwandisa ulwazi lwabafundi malunga netekisi:

- Isakhiwo sedrama :Isakhiwo nesakhiwana (intshayelelo, ukukhula kwempixano, uvuthondaba, uyondelelowano lwezinto / ukusombuluka kwezinto nesiphelo, uphuphelo (ihint ngento eseza kwenzeka okukhumbuza ngesiganeko ebesikhe sadlula
- Ukuzotywa kwabalinganiswa
- Indima yombalisi/unobalisa - umlinganiswa/uluvo lwakhe
- Umongo nemfundiso
- Imvelaphi nesimo sentlalo - ngokunxulumene nomlinganiswa nomxholo
- Imo nethowuni / imvakalozwi
- Isigqebelo / isiphelo esisisothuso
- Izalathiso zaseqongeni

- Unxulumano phakathi kwengxoxo yababini / incoko yoyedwa kunye nesiganeko
- Isigqebelo sedrama
- Ukulandelelana kweziganeko.

INoveli / Uncwadi lwemveli (Iintsomi, amavo, amabali angamaqhawe, iimbali)

(Amabali amafutshane afundiselwa ukwandisa ulwazi hayi ukuhlolwa)

IiNoveli nezinye iintlobo zobubalisa amabali zifuna ukufundwa, ukuxoxwa nokonwatyelwa. Ukufunda itekisi ngokukhwaza eklasini kunexabiso elikhulu ngakumbi xa abafundi bengakuthandi okanye besonqena ukufunda. Funda ngokukhawuleza ugcine umdla ngokulinganisa okanye ngokuthelekelela, ukujongisisa nokuxabisa. Imisebenzi elula efana nesishwankathelo esiqikelelwayo (ukushwankathela ibali ngokwale ndawo sele ifundiwe, ushwankathelela umhlobo ngamagama alinani eithile; ukugcina umzobo obonwayo apho eklasini; ukuvula ifayile yabalinganiswa abaphambili) ibenza abafundi baliqonde ngokukhawuleza ibali. Emva kokuyifunda okokuqala incwadi, abafundi kufuneka bazi umahluko phakathi kokubalisa (kwenzekani emva koku?) nesakhiwo (kutheni kwenzeke oku?); ukuze bacinge ngeentsingiselo ezilindelekileyo nokuhlalutywa kwebali; bajonge indlela umbhali alusebenzise ngayo ulwimi ukuzoba abalinganiswa (ingcaciso nentetho-ngqo): indima yabalinganiswa, isimo sentlalo, ukujonga imbono esekwe phezu kwayo inoveli umz. ngokwezenkolo, ezopolitiko, ezentlalo, ezoqoqosho. Oku kubalulekile xa kufundiswa inoveli, okanye ibali; abafundi mabalonwabele ukuze lihlale lihleli ezingqondweni zabo.

Oku kulandelayo kwandisa ulwazi lwabafundi malunga netekisi:

- Isakhiwo nesakhiwana (intshayelelo, ukukhula kwempixano, uvuthondaba, nesiphelo, uphuphelo, ukubonisa into eyenzeka ngaphambili komboniso-bhanyabhanya (*flashback*) isiqalo nesiphelo sentsomi xa ibaliswayo, iingoma entsomini.
- Impixano
- Ukuzotywa kwabalinganiswa
- Indima yombalisi / kanobalisa
- Ukucacisa nokuhlalutywa imiyalezo nemixholo
- Imvelaphi nesimo sentlalo ngokunxulumene nomlinganiswa nomxholo
- Imo, isigqibelo/isiphelo esisisothuso
- Ukulandelelana kweziganeko.

Ukongeza kwezi zinto uzinikwe apha ngasentla, ezi zinto zilandelayo zoncwadi lwemveli mazifundwe:

- Isihobe: izibongo zomthonyama, iindidi zeengoma (ezamaxasha athile, ezentsapho, iingoma zembali nemfazwe, iingoma zobulungisa zasekuhlaleni nezenkcaso, ezemisebenzi, ezentonjane, ezomgidi, iingoma zomtshato, ezothando, ezentlonipho), iziduko.
- Nezinye ezifana namaqhalo, izaci namaqhina.

Ufundo lwefilim (abafundi bayifundiselwa ukwandisa ulwazi hayi ukuhlolwa)

Ufundo lwefilim aluyonto inye nokufunda incwadi. Naxa ukufundwa kwayo kunokuthatha indlela enye nokufundwa kweDrama okanye iNoveli, ubuchule bomatshini wokubonisa umboniso bhanya-bhanya obudweliswe apha ngaphantsi bufuna uqwalaselo olulodwa. Ukufunda iFilim ngovakalelo nangokuchanekileyo kuxhomekeke ekubeni lowo uyiphononongayo uqaphele kangakanani na xa esebenzisa zonke izakhono zefilim (ezifana nezi ukuhlela, ukudibanisa izigameko zefilim, ukufotela kufutshane, indibaniso yeminye imifanekiso ukwenza umfanekiso omtsha (*montage*), umboniso (umculo, isinxibo, ukukhanyisa kunye nesandi). Ukukwazi ukufunda ifilim kwesi isigaba kukhulisa lowo uyibukelayo: kumthatha lowo kumbeke kumgangatho ongasentla ofana nokwazi imisebenzi ethile yabo bathatha inxaxheba abafana nabaphathi umhleli nabanye.

- Ingxoxo yababini kunye nesenzo nonxulumano kubalinganiswa nomxholo, ukufunda nokubhala icwecwe lefilim
- Isakhiwo, isakhiwana, inxaxheba yabalinganiswa/abadlali, ungquzulwano, injongo yomdlalo, isakhiwana somdlalo kuquka isigqebelano, isothuso nesiphelo; imimangaliso nomothuko ukuba zenzeka njani.
- Ubuchule bomatshini wokubonisa umboniso bhanya-bhanya (ezibonwayo, eziviwayo neziviwa-zibonwa) ezifana nokusetyenziswa kombala, amagama kwifilim asebenzisa ulwimi lwelinye ilizwi ukukutolika okuthethwa ngumlinganiswa, ukwakha, ingxoxo yababini, umculo, isandi, ukukhanya, ukuhlela, ukubeka ngokweefreyim, indlela yokufota, ubuchule bekhamera, ukuhambisa ikhamera, okubonakala ngaphambi kokuba kwenzeka/ukukrotyiswa kwinto eseza kwenzeka nento eza kubonakala emva kwesiganeko.

IITEKISI EZISETYENZISWAYO EKUFUNDISENI IZAKHONO EZIDITYANISIWEYO ZOLWIMI KWIBANGA 10-12

Ukongeza kwiitekisi zoncwadi ezifundwayo okusesikweni, iitekisi eziza kwenziwa kwiBanga 10-12 ziquka iitekisi ezibhaliweyo, ezibonwayo nezemalithimidiya ngokweenjongo ezahlukeneyo. Ezinye iitekisi ziza kufundwa ngokweempawu zobugcisa; ezinye iitekisi ziza kufundwa njengemizekelo neemodeli ezinokusetyenzisa ekubhaleni. Ootitshala mabaqinisekise ukuba abafundi bafunde uluhlu lweetekisi neentlobo zoncwadi apha enyakeni. Kufanele ukuba kubekho ulungelelwano phakathi kweetekisi ezimfutshane nezinde naphakathi kokufundela iinjongo ezahlukeneyo, umzekelo, iinjongo zobugcisa (ukufunda iitekisi okusesikweni kuncwadi olumiselweyo) zeetekisi eziza kusasazwa kwimidiya, kwiitekisi ezibonwayo zokuzonwabisa.

Iitekisi zoncwadi	Iitekisi ezibhaliweyo zolwazi (zereferensi)	Iitekisi zemalithimidiya / ezibonwayo zolwazi
Iindidi zoncwadi ezinokusetyenziswa Ezi ndidi zoncwadi ezinokusetyenziswa zikwiKhathalokhi yoNcwadi yeSizwe:	Izichazi-magama Iiensayiklophidiya Ishedyuli	Iitshati, iimephu Iigrafu, iithebyibhile, iiphayi-tshathi, Izazobe zokucinga
iNoveli / uncwadi lwemveli	Iincwadi zeenkukacha zefowuni	Imizobo
Uncwadi lwemveli	Iincwadi zegrama ezimiselweyo	Iipowusta,
IBanga 10 - iintsomi ezisi -8	Iithesarasi	Iiflaya, iiphamflethi, iibrowutsha
IBanga 11 - iintsomi ezisi -8	Iithayimtheyibhile	Izinto ezixhonywayo neesimboli
IBanga 12 - iintsomi ezili -10	Izikhokelo zeTV	Iidotyhumentari zeTV
Iidrama	Iitekisi ezibhaliweyo kumajelo eendaba	Iiwebhupheyiji, iisayithi zeintanethi, iiblogu
Isihobe	Amanqaku eemagazini	IiFacebook nezinye iinethiwekhi zokudibana kwabantu
IBanga 10 - imibongo eli-10	Amanqaku amaphephandaba	Ukuboniswa kolwazi ngomatshini
IBanga11 - imibongo eli-10	Iilizwi lomhleli	IiTransparensi
IBanga 12 -imibongo eli-12	Izaziso	Iitekisi zemalithimidiya / ezibonwayo ezibukelelwa ukuzonwabisa
Ukwandisa ulwazi Amabali amafutshane	Iiobhitshwari	Iifilim
Izifundo zeefilim	Uphononongo (lwamajelo eendaba)	Iifoto
Uchunge-chunge lomdlalo weTV/ idotyumentari ekhethiweyo	Iintengiso	Imizobo
Imidlalo yerediyo (amabali)	Iintlobo ezibhaliweyo zeetekisi eziviwayo	Iitekisi zemalithimidiya / ezibonwayo ezibukelelwa ukuzonwabisa
Izincoko	Intetho yababini	Iifilim
Iibhayografi (imbali ngobomi bomntu)	Intetho yasesidlangalaleni	Iinkqubo zeTV
Iiothobhayografi (bali ngobomi bakho olibhale ngokwakho)	Iingoma	Iividiyo zomculo
Iintsomi, iimbali amabali angamaqhawe njalo njalo (kwabo bangalwenziyo uncwadi lwemveli)	Iziqhulo	Iikhathuni, abalinganiswa beekhathuni
	Iitekisi ezibhaliweyo zonxibelelwano phakathi kwabantu nezokudluliswa kwemiyalezo	Izicwili zeekhathuni)
	Iileta	Iziqhulo (ezinemizobo)
	Iidayari	Iigrafiti (imizobo ekroliweyo)
	Izimemo	Iitekisi eziviwayo
	Ii-imeyile	Iinkqubo zereyidiyo
	Ii-sms, itwitter	Ukufundwa kweedrama
	Iinowuthsi/amanqaku	Ukufundwa kweenoveli okanye amabali amafutshane
	Iingxelo	Iintetho ezishicilelweyo
	Iitekisi ezibhaliweyo zonxibelelwano kushishino	Iintengiso kwireyidiyo, iTV, amaphephandaba neemagazini
	Iileta ezisesikweni	
	Imizuzu neajenda	

Ubude beetekisi ezibhalwayo ezinokusetyenziswa/ezinokufundwa

ITEKISI	IBANGA	INANI LAMAGAMA	
Isicatshulwa	IBanga 10	Amagama angama-380 - 440	
	IBanga 11	Amagama angama-440 - 500	
	IBanga 12	Amagama angama-500 - 560	
ITEKISI	IBANGA	INANI LAMAGAMA	UBUDE BESISHWANKATHELO
Ushwankathelo	IBanga 10	Amagama angama-220	Amagama angama-60 - 70
	IBanga 11	Amagama angama-250	
	IBanga 12	Amagama angama-270	

3.3 UKUBHALA NOKUNIKEZELA

Ukubhala nokunikezela kuquka imiba emithathu: ukusebenzisa inkqubo yokubhala, ukufunda nokusebenzisa ulwazi ngesakhiwo neempawu zeentlobo zeetekisi ezahlukeneyo, ukufunda nokusebenzisa ulwazi ngomhlathi nesakhiwo sesivakalisi neempawu zokubhala.

Inkqubo yokubhala

Ukufundisa ukubhala kudla ngokuquka ukusebenza ngokwenkqubo yokubhala. Nangona kunjalo, akunyanzelekanga ukuba asetyenziswe onke amanyathelo ale nkqubo ngamaxesha onke. Umzekelo, xa abafundi bebhala uhlobo lwetekisi oluqhelekileyo, kuza kufuneka bahlalutye isakhiwo salo kunye neempawu zolwimi ngokunabileyo. Kungakho amaxesha apho kunokufuneka ukuba ootitshala bagxininise kwisakhiwo sesivakalisi okanye ekubhalweni komhlathi, okanye abafundi babhale iitekisi ezingenadrafti xa belungiselela uviwo.

Amanqanaba alandelwayo kwinkqubo yokubhala

- Ukucwangcisa / phambi kokubhala
- Ukuyila / ukwenza iidrafti
- Ukuhlaziya
- Ukuhlela
- Ukulungisa iziphene
- Ukunikezela

Xa ebhala umfundi makenze oku kulandelayo:

Ukucwangcisa / phambi kokubhala

- Ukugqala injongo oyibhalelayo nabantu obabhalelayo.
- Ukuqaphela imo, indlela yokubhalwa koko kubhaliweyo noluvo loko abhala ngako.
- Xoxa ngezimvo usebenzisa, umzekelo, isazobe sokucinga iiflowu-tshathi.
- Phanda ngoko uza kubhala ngako usebenzisa imithombo yolwazi.

Ukuyila / ukwenza iidrafti

- Sebenzisa izimvo ezingundoqo nezixhasayo ngokukuko xa ucwangcisa.
- Yenza idrafti yokuqala uthathele ingqalelo injongo, abafundi bayo, isihloko nenohlobo loncwadi;
- Funda iidrafti ngokuvakalayo ukufumana uluvo lwabanye (oogxa bakho);
- Chonga isigama esisiso nesichanekileyo ngokusebenzisaizichazi ezifanelekileyo namagama namabinzana avusayo ukucacisa oko kubhaliweyo
- Ukumisela ilizwi nesimbo esithile ngokusebenzisa ulwimi nethoni ehambelana ncakasana nabafundi obabhalelayo nenjongo yokubhala.

- Vakalisa uluvo lwakho gqibi, izithethe, iinkolelo namava akho.
- Bhala iinkcukacha ezichanekileyo zetekisi leyo (sebenzisa ucaphulo ukuxhasa izimvo zakho).

Ukuhlaziya, ukuhlela, ukulungisa iziphene nokunikezela ngokubhaliweyo

- Sebenzisa imilinganiselo emiselweyo ukuphendla umsebenzi wakho nowabanye usenzela ukuwuphucula.
- Phucula uchongo lwesigama, isakhiwo sesivakalisi nemihlathi.
- Nciphisa ubumbaxa, ukusebenzisa uphindaphindo, ulwimi olungasulungekanga nolungamkelekanga.
- Phonononga umxholo, isimbo sokubhala nerejista.
- Sebenzisa iimpawu zokubhala uze upele ngokuchanekileyo.
- Bhala idrafti yokugqibela.
- Ngenisa itekisi oyibhalileyo.

Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi esetyenziswayo kwinkqubo yokubhala

Irejista, isimbo sokubhala nelizwi (imvakalelo) lombhali

- Sebenzisa irejista echanekileyo: esisesikweni, esingekho sesikweni, umz. ukusebenzisa isimbo sencoko / esingekho sesikweni nomntu wokuqala kwileta yobuhlobo, ulwimi olusesikweni kwileta yaseburhulumenteni.
- Thetha ngqo nomfundi ngendlela eyodwa nefanelekileyo.
- Bhala ngokukholelekayo nangokuzithemba; musa ukuxolisa ngoluvo lwakho oluthile.
- Sebenzisa izimvo / iimbono ezahlukeneyo xa kukho imfuneko.

Ukukhetha amagama

- Sebenzisa iindidi ezahlukeneyo zezenzi, izichazi nezihlomelo ukunika ingcaciso neenkukacha ezivakalayo xa ubhala izincoko ezichazayo nezibalisayo.
- Sebenzisa ulwimi olusesikweni nolungekho sesikweni ngokufanelekileyo.
- Nika iinkcukacha ezizizo uze uvakalise nezimvo zakho.
- Vakalisa intsingiselo ecace gca nefihlakeleyo ngokomxholo.
- Bonakalisa izithethe neendlela abacinga ngazo, ulwimi olulukhlayo noluqhathayo, olunika ingcinga ecalanye nedlelelelayo, ulwimi oluchukumisayo, ulwimi olucengayo noluqhathayo umz kwiitekisi ezicengayo ezifana nezincoko ezixoxayo, amanqaku ephephandaba. Sebenzisa imithombo yolwazi emininzi njengezichazi-magama neethesarasi ukuchonga isigama esisiso nesivakalayo.

Ukwakhiwa kwezivakalisi

- Bhala iindidi zezivakalisi ezahlukeneyo ngokobude.

- Sebenzisa izigaba zentetho ngokukuko.
- Sebenzisa intloko, isenzi, injongosenzi, iindidi zamaxesha, iimo zezenzi, izilanduli, intetho-ngqo njalo njalo.
- Sebenzisa imibuzo.
- Sebenzisa iindidi ezahlukeneyo zezivakalisi umz, isivakalisi esixelayo, umbuzo, izivakalisi ezilula, ezimbaxa / ezixandileyo, ezintsonkothileyo nezixananazileyo / ezintsokotho zixandile
- Sebenzisa izibandakanyi, izimelabizo, izihlomelo ukudibanisa izivakalisi zakho ngokukuko.
- Sebenzisa iindidi ezahlukeneyo zezimelabizo ukubonisa ugxininiso, injongosenzi yesivakalisi umz mna, yena nokunqanda umlembelele.
- Cwangcisa uze ulandelelanise amagama kwizivakalisi ngokukuko.
- Sebenzisa izivumelanisi ngokuchanekileyo.

Ukubhalwa kwemihlathi

- Bhala ngokwamalungu ohlukeneyo omhlathi: isivakalisi esiyintloko yomhlathi (isihloko somhlath), iingongoma ezingundoqo nezixhasayo, intshayelelo eyiyo, isiqu nesiphelo nesivakalisi sokuvala.
- Ukuqinisekisa ngokundindana komhlathi, bhala imihlathi eyahlukeneyo neetekisi usebenzisa amagama namabinzana:
 - o Ukulandelelana kweziganeko: okokuqala, okwesibini, okwesithathu, phambi, emva, nini, de, okulandelayo, emva koko, kutshanje.
 - o Ingcaciso / unobangela nefuthe: ngoko ke, ngenxa yesi sizathu, emva koko, ukusukela, ngenxa, kungenxa, kulandela, ukuba kuthe... kuya kuthi....
 - o Umgaqo olandelwayo: okokuqala, okwesibini, okwesithathu.
 - o Ukuthelekisa / ukuchasanisa: iyafana, yahlukile, incinci kunye, inkulu kunye, nangona, kodwa.
 - o Ngokokubaluleka: rhoqo, ekugqibeleni.
 - o Ucwangciswa ngokobume bendawo: ngaphezulu, ngaphantsi, ngasekhohlo, ngasekunene, njalo njalo.
 - o Ukubhala ngokuthe gabalala: ngeliphandle, elokugqiba; kunye
 - o Nomhlathi wokuvala: ushwankathelo lokubhaliweyo. Umhlathi wokuvala kufuneka uxhwile umdla womfundi ngembono ethile okanye ingcinga ethile eza kuhlala kuye ixesha elide nokuba sele egqibile ukufunda isincoko. Akufane kwenzeke oko kushwankathelo kwaye kulula ukuba lulibaleke

limpawu zokubhala nopelo (upelo neempawu zokubhala):

- Sebenzisa oonobumba abakhulu, iikoma, iimpawu zocaphulo, iikholoni, ukrwelelo lwamagama, ubhalo ngokukekelo, iqhagamshela, isivakalisi esiphakathi kwezigweqe / uphawu lokubhala olubonisa ulwazi olongeziweyo njalo njalo.
- Pela amagama ngokukuko nangokuchanekileyo:

- o Ulwazi ngokuma kwamagama nemvelaphi yawo.
- o Ulwazi ngeengcambu, izimaphambili nezimamva.
- o Ulwazi ngamalungu amagama.
- Sebenzisa izichazi-magama nezixhobo zokungqinisisa upelo.
- Sebenzisa iimo zofinyezo noshuqulelo loonobumba ngokufanelekileyo.

Iimpawu zeetekisi / iintlobo zoncwadi: Isakhiwo neempawu zeetekisi ezikhethiweyo

Eli candelo licacisa uluhlu lweentlobo (Izincoko nemihlathi) / iindidi zoncwadi ekufuneka abafundi bazifundiswe kwiBanga 10-12.

Izincoko:

Isincoko esibalisayo

Isincoko esibalisayo luthotho lweziganeko ezicwangciswe ngokuvakalayo. Nazi iimpawu zesincoko esibalisayo:

- Bhala ngebali / ngesiganeko esenzekileyo / isiganeko esiqwetyiweyo.
- Bhala isakhiwo sebali esidlwengula umxhelo nesikholelekayo.
- Kumaxesha amaninzi kusetyenziswa ixesha elidlulileyo, kodwa ababhali abaninzi basebenzisa ixesha langoku ukutsala umdla nokungqala kwebali.
- Umhlathi wokuqala oyintshayelelo mawubhalwe ngokudlwengula umxhelo.
- Qinisekisa ukuba isiphelo sesanelisayo okanye asicacanga / sintsingiselo-mbini, asibhidaniswa yaye singaqikeleleki.
- Sebenzisa intetho-ngqo xa ufuna umlinganiswa abe ngathi ngophilayo kumfundi, ingxelo-ntetho ayikukhuthazi oko.
- Igama ngalinye olisebenzisayo lisebenzise ngenjongo ukwenzela ukuba isincoko sakho siyondelelane. Kulinge oku ngokubhala ibali elifutshane elinamagama angamashumi amahlanu.

Isincoko esichazayo

Ukuchaza into ngokuvakalayo ngundoqo. Oku kufuna ukuba usebenzise ulwimi olulula noluvakalayo. Musa ukubakhuthaza abafundi ukuba basebenzise izichazi ngokubaxekileyo xa bebhala olu didi lwesincoko. Abafundi baqhelise ukubhala isincoko esichazayo ngokubafundisa izicatshulwa ezichazayo ezibhalwe ngababhali besiXhosa abaphume izandla: Uninzi lwabo aluxhomekekanga ekusebenziseni izichazi ukwenza oku kungempumelelo. Abafundi bakho baqhelise ukubhala olu didi lwesincoko besusela kwizicatshulwa ezo bazinikiweyo. Kubalulekile ukuchaza ngokuvokothekileyo: Ukuchaza izinto ezilula ngokucacileyo, umzekelo, inkomo, indlu. Okanye ukuchaza abantu abasemifanekisweni okanye kwiifoto ezikhoyo. Inkcazelo isetyenziswa kakhulu ukudala isimo esithile sentlalo nobume: iifilim ziya kwenza oku, ababhali bakwenza oku ngamagama, kodwa oku kuxhomekeke kakhulu kuchongo lwesigama ngokukuko nangokuchanekileyo.

Nazi ezinye iingcebiso malunga nokubhalwa kwesincoko esichazayo:

- Chaza umntu / into ukwenzela ukutsala umdla nokudlwengula umxhelo womfundi ngesihloko.
- Sebenzisa amagama ukudala umfanekiso.
- Chonga amagama ngobunono ukufezekisa isiphumo sokubhalayo.
- Sebenzisa imifanekiso yokubonwayo, okuvakalayo, okungcanyulwayo nokuphathwayo.
- Sebenzisa izigaba zentetho ngokukuko.

Izincoko ezixoxayo, ezivelela amacala omabini nezicamngcayo

Izincoko ezixoxayo zingaveza amacala amabini aphikisanayo ('kutheni ndikholelwa ukuba oomama banamandla ngaphezu kootata'); esivelela amacala amabini sona sixoxa ngamacala omabini akhabanayo ngokulinganayo kodwa umbhali uye aludandalazise olwakhe uluvo ekugqibeleni. Isincoko esicamngcayo sisekelwe kuthotho lweengcingane neembono anazo umbhali malunga nesihloko esithile (umama wale mihla), akukho cala lixoxelwayo kula macala mabini.

- Isincoko esixoxayo sidla ngokutyekela kwicala elinye; kubakho ukuxhaswa okanye ukuchaswa koluvo oluthile olukhabana nolunye kwaye uluvo ngalunye luxoxelwa ngokupheleleyo. Nangona kunjalo, umbhali uphetha ethathe icala elithile apho adandalazisa khona icala awela ngakulo nesizathu sokuba enze oko.
- Isincoko esimacala mabini sithanda ukulungelelaniswa kwaye kuvelelwa zonke iinkalo xa kuxoxwa ngomba othile; isakhiwo saso sicwangciswa ngobunono sicaciswe; injongo yoko kukuba umbhali angathathi cala lithile nangona enokuvakalisa olwakhe uluvo; iindlela olusetyenziswa ngayo ulwimi, iingxoxo ezinkqenqeza phambili apha zezo zixoxelwe ngokuvokothekileyo nangokuvakalayo. Isiphelo esisulungekileyo simshiya umfundi engenantandabuzo ngoluvo lombhali.
- Isincoko esicamngcayo simalunga nezimvo, iimbono, iingcinga neemvakalelo zombhali malunga nesihloko esithile, idla ngokuba sisihloko avakalelwayo ngaso. Umbhali uvakalisa uluvo lwakhe. Kufuneka sibe nesakhiwo esibunjwe ngobunono nangona kungekho mfuneko yokuba isiphelo sibe sesicacisiweyo. Akunyanzelekanga ukuba ingxoxo yababini ilungelelaniswe nangona inokuba yelungelelanisiweyo. Singasesinika umdla okanye esinobunzizinginzi.

Isincoko soncwadi

Kwisincoko soncwadi umfundi uphendula itekisi ephuma kuncwadi olumiselweyo ekwenza oko ngendlela ebonisa ukufumana intsingiselo, ehlalutyayo, ephononongayo, ecamngcayo ngamanye amaxesha avakalise olwakhe uluvo. Iingxoxo ezenziwayo nezixhaswayo zisekwe kwitekisi yoncwadi; ulwimi lwetekisi yoncwadi nalo luyajongwa luze luboniswe ngendlela ebonisa intsulungeko yolwimi okanye iimpawu zoncwadi. Isimbo sokubhala sisesikweni nangona sicalanye. Kwizincoko ezithile, umfundi uyakwazi ukuvakalisa nolwakhe uluvo ngakumbi xa ebuziwe malunga noko.

Imihlathi:

Ileta yaseburhumenteni / esesikweni

Nakule mihla yeteknoloji, ukubhala ileta iseyinto ebaluleke kakhulu, nto leyo efuna ubani anamathela kwindlela eyiyo yokuyibhala. Abafundi kulindeleke ukuba babhale ileta ezichanekileyo ezisesikweni, xa kusenzeka bazithumele balindele impendulo. Ileta ezisesikweni ezibhalwa nje kungekho meko zibhalwa phantsi kwayo ziyakruqula.

Ileta ezicela ulwazi oluthile malunga neemveliso, iyunivesithi, ezohambo, ezemisebenzi, xa zithe zathunyelwa ngokuchanekileyo zinokuphendulwa. Oko kungenza ukuba ixabiso leleta esesikweni liqapheleke. Kwangaxeshanye oko kungenziwa nakwiileta eziya kumhleli, ngakumbi xa imiba ekuthethwa ngayo isematheni. Naxa inokuprintwa, ifuthe loko eklasini lingalikhulu kakhulu. Umxholo ubaluleke kakhulu kwezi mbalo zingasentla.

- Baqhelise abafundi nokubhala iindidi ezahlukeneyo zeeleta ezisesikweni, umzekelo, ileta yokucela umsebenzi, ileta eya kumhleli wephephandaba, ileta yesikhalazo, njalo njalo.
- Mabanamatele kwiimfuno ezahlukeneyo zeeleta ezisesikweni njengesimbo sokubhala nesakhiwo.
- Mababhale ngolwimi oluvakalayo nolusulungekileyo.
- Kufuneka bakhumbule ngabantu abababhalelayo ukuncedisana nokuba oko babhale ngako kuqondwe msinya.
- Indlela ababhala ngayo mayivakale, iyondelelane, icaciswe, ibe semxholweni.
- Mabasebenzise ulwimi olwamkelekileyo nolusulungekileyo.
- Isiphelo esichanekileyo silandelwa yifani noonobumba-magama bombhali.

Ileta yobuhlobo / engekho sesikweni

Nangona kusetyenziswa ubuchwepheshe bokubhala, umz i-imeyile, ifeksi ne-sms, abafundi mabafundiswe ngokubhala ileta yobuhlobo. Kungafundiswa ngeeleta eziqhelekileyo eziya kumalungu osapho nabahlobo nezo ziya kumhleli.

lingcebiso malunga nokubhalwa kweleta yobuhlobo okanye engekho sesikweni:

- Mabasebenzise ulwimi olungekho sesikweni ukuya kolusesikweni.
- Mababhale ngolwimi oluvakalayo, olusulungekileyo nolutsala umdla.
- Mabacwangcise ngokukuko baxoxe ngokukuko.
- Ileta mayiqulathe intshayelelo, isiqu nesiphelo.
- Mayiqulathe idilesi enye, umbhali, umhla ebhalwe ngawo ngasezantsi kwayo.
- Mayibandakanye isibuliso esichanekileyo esilandela idilesi yombhali.
- Akukho mgaqo uthile ulandelwayo ncam malunga nesiphelo kodwa silandelwa ligama lokuqala lombhali.

Iajenda yentlanganiso

Imemorandam, iajenda nemizuzu mazibhalwe ngokuvakalayo. Eyona ndlela iphucukileyo yokufundisa abafundi ngoku kungasentla kukuba babukele ividiyo yakho okanye bazimase intlanganiso yokwenyani bathathe imizuzu, benze iajenda yayo bandule bathelekise iajenda yabo nemizuzu yabo abayenzileyo neyentlanganiso leyo yokwenyani. Xa kungenzeki oku, abafundi mabakufundiswe oku kusetyenziswa ingqikelelo yabo. Bhala iajenda yentlanganiso yengqikelelo ngokwakho, wandule uyalele abafundi ukuba babhale imizuzu eqikelelweyo yale ntlanganiso benamatele kwiajenda yakho. Ukhumbule ukuba oku kwahluke kakhulu ekubhalweni kwemizuzu yentlanganiso yokwenyani.

- Xela okuza kuxoxwa entlanganisweni.
- Kuthumele oko kubantu abamenyiweyo ukuba bazimase intlanganiso.
- Cwangcisa imiba ekuza kuxoxwa ngayo ngokokubaluleka kwayo.
- Umba ngamnye wabele ixesha.

Imizuzu yentlanganiso

- Bhala okwenzeke entlanganisweni.
- Bhala oku kulandelayo:
 - o Igama lequmrhu
 - o Umhla, indawo nexesha lentlanganiso;
 - o Irejista yabakhoyo.
- Caphula uze ubhale izindululo ezithathiweyo ngobunjalo bazo.
- Nika isishwankathelo sezindululo ezenziweyo nekugqitywe kuko.
- Sebenzisa ixesha elidlulileyo.

Intetho, ingxoxo yababini, udliwano-ndlebe

Ezi ndlela zokubhala zinxibelelene kakhulu nokuthetha, ngoko ke akufanelekanga ukuba zibhalwe nje kuze kuphelele apho.

Intetho

- Sazi isimbo sokuthetha oza kusisebenzisa, ixesha, indawo, isizathu (injongo), abaphulaphuli noko oza kuthetha ngako.
- Qala intetho yakho ngendlela etsala umdla
- Waphuhlise amanqaku akho kakuhle ungatsho ngentetho ekruqulayo.
- Sebenzisa izivakalisi ezifutshane ezikhatshwa ziingcingane ezilula, usebenzisa imizekelo eqhelekileyo.
- Lungelelanisa izigxeko zakho nezincwadi onazo.
- Isiphelo sibalulekile kwaye ukhumbule ukuba ayisosishwankathelo sokubhaliweyo.

Ingxoxo yababini

- Yinxoxo ephakathi kwabantu ababini nangaphezulu.
- Bhala le ngxoxo njengoko isenzeka, amazwi ezithethi uwabhala njengoko enjalo.
- Ukwahlula phakathi kwentetho yesithethi neyesinye, shiya umgca.

- Cebisa abalinganiswa (okanye abafundi) ngendlela yokuthetha okanye yokwenza ngokufakela umyalelo lowo kwizibiyeli phambi kokuba amagama athethwe.
- Banike umkhomba-ndlela wokuza kuthethwa ngako phambi kokuba ubabhalise.
- Ingxoxo yababini sisiqalo esiluncedo sokuqala inkqubo yokubhala, njengoko iincoko ezisemgangathweni zibonisa ukuthethwa kwesiXhosa njengoko kunjalo kweli phepha. Ingxoxo yababini akunyanzelekanga ukuba ibe phakathi kwabantu kuphela.

Udliwano-ndlebe

- Buza umbuzwa imibuzo.
- Nika amagama esithethi kwicala elisekhohlo ephapheni.
- Ukwahlula phakathi intetho yesithethi neyesinye, shiya umgca.
- Udliwano-ndlebe yintetho/ingxoxo okhutshelweyo ngoko ke kufanele kwenzeke oku kulandelayo: Usinga-dliwano-ndlebe angabaliswa njengebali. Xa abafundi bebhala udliwano-ndlebe, bafunda ngokukhawuleza ngomahluko phakathi kolwimi oluthethwayo nolubhalwayo, ngabo kwakhona abaza kuqaphela ukuba udliwano-ndlebe olubhaliweyo luquka ukuhlela ngobunono. Kubaluleke ngaloo nto ukuba abafundi babhale udliwano-ndlebe.

Ingxelo (esesikweni nengekho sesikweni)

Ingxelo ngamaxwebhu (ziidotyhumentu) asesikweni kwaye oko kuqulethwe kuzo kufanele kube yinyaniso kubafundi. Iyabakruqula kakhulu abafundi into yokubhalwa koosinga-ngxelo okanye iingxelo ezingesihloko abangenamdla kuso.

- Nika iinkcukacha ezichanekileyo ngesiganeko.
- Bhala isihloko, intshayelelo nesiqu, isiphelo, izindululo, izalathisi, izihlomelo
- Cwangcisa, qokelela uze ucwangcise ingcombolo yolwazi; bhala iingongoma.
- Sebenzisa ulwimi olungekho sesikweni ukuya kolusesikweni.
- Sebenzisa:
 - o Ixesha langoku (ngaphandle kokuba yingxoxo yababini emalunga nezinto ezadlulayo).
 - o Izibizo gabalala.
 - o Umntu wesithathu.
 - o Ingcaciso egqibeleleyo.
 - o Amagama namabinzana abhekise kwimeko ethile (enjengobugcisa).
 - o Ulwimi olusesikweni.

Irivyu

Irivyu ayilandeli ndlela ithile yokubhalwa. Akukho mfuneko yokuba kuchatshazelwe imiba ethile encwadini, kwifilim okanye i-CD leyo kwenziwa irivyu yayo. Abantu abenza irivyu bajolisa kuloo nto benza irivyu yayo nakulowo ubandakanyekayo kuyo, bakugqiba bafakele nantoni na abayithandayo. Irivyu eyiyo yengathathi cala nengadleleli bani, kodwa irivyu engeyiyo kuba lapho umntu adandalazisa nje uluvo lwakhe ngokuthile. Ezinye iirivyu ziba nezihlekiso: Abanye ababhali bazo lolona phawu balusebenzisayo olo lwesihlekiso kwiirivyu zabo. Yenza iirivyu eziphuma kwimithombo yolwazi eyahlukeneyo ukubonisa abafundi indlela eyahluke ngayo le ndlela yokubhala.

- Veza imbono yakho buqu ngomsebenzi wobugcisa, ifilim, incwadi, umsebenzi othile, njalo njalo.
- Dandalazisa indlela oyibona ngayo loo nto iphambi kwakho.
- Iirivyu zithabatha icala elithile. Bangababini abantu abenza irivyu ngomsebenzi omnye kodwa bavakalise izimvo ezahlukeneyo ngomsebenzi lowo.
- Nika iingongoma eziphambili nezichanekileyo, umzekelo, igama lombhali / umvelisi / igcisa, isihloko sencwadi/somsebenzi, igama lompapashi / lenkampani yokuvelisa, kunye nexabiso (xa likhona).

Inqaku Iephephandaba

- Chaza ngokufutshane umba obhala ngawo kodwa ucace gca.
- Gqithisa umyalezo wakho uvakale kulowo umbhalelayo.
- Shwankathela ngokucacileyo ungayigqwethi into eyinyaniso.
- Nika isihloko esicacileyo nesivakalayo uze wongeze nesihlokwana esicacileyo.
- Qala ngokona kubaluleke kakhulu: umzekelo, ngubani, yintoni, nini, phi, kutheni kangakanani.

Inqaku Iemagazini

Kwinqaku lemagazini kufanele umbhali adandalazise izinto azithandayo nangazithandiyo yena buqu, oku kufanele kukhuthazwe kubafundi esikolweni. Kufuneka babhale amanqaku emagazini anomhluzi navakalayo ngayo nantoni na edla umzi, ukongeza kumanqaku ahlekisayo okanye bahlabe amadlala kuso nasiphina isihloko. Uninzi lwamanqaku eemagazini ezifundwa ngabafundi zilolu hlobo luchazwe ngasentla.

I-intanethi inamanqaku emagazini amaninzi, noxa isimbo sokubhala nomxholo ungahlukanga kangako kwezo zibhalwe ngabanye, kungoko kufuneka nawo aphononongwe, ngakumbi njengoko ebonakalisiwe kwiibloglu ezilolona hlobo lokubhala luvunyiweyo. Abafundi bangabhala ezabo iibloglu (emaphepheni, noxa kungekho kuthandabuza ukuba abafundi sele benazo ezabo iibloglu) ezinika umxholo osemgangathweni ophakamileyo, bethabathela ingqalelo abantu abo bababhalelayo, umxholo woko kwenzeka kwangoko nemvakalozwi yayo.

Qaphela oku kulandelayo:

- Isihloko masitsale umdla sibe sesidlwengula umxhelo.
- Indlela yokubhala mayibe yevela kuwe, uthethe ngqo nomfundi.
- Isimbo sokubhala singaba sesichazayo nesikhatshwa zizafobe, ukutsala umdla wabafundi.

- Amagama, iindawo, amaxesha, ubume bendawo kunye nezinye iinkcukacha ezifunekayo mazifakwe kwinqaku elo.
- Inqaku malitsale umdla lidlwengule nomxhelo womfundi.
- Njengakwiiriyvu, akukho fomathi imiselweyo yokubhalwa kwenqaku lemagazini.

Isivi

	B: litekisi ezimbini - imihlathi: Ileta yobuhlobo / esesikweni (yesicelo / yesikhalazo / yesicelo somsebenzi / yoshishino / yombulelo / yovuyiswano / yovelwano) / iileta eziya kumhleli / isivi neleta eyikhaphayo / iobhitshuwari / iajenda nemizuzu yentlanganiso / ingxelo / irivyu / inqaku lephephandaba / inqaku lemagazini / intetho / ingxoxo yababini / udliwano-ndlebe. Ubude betekisi:				
	Ibanga	Inani lamagama			
	10-12	amagama ali-100 - 120 - umxholo kuphela			
	Hlola oku kulandelayo: <ul style="list-style-type: none"> • Umxholo, ucwangciso nefomathi (60%). • Ulwimi, isimbo sokubhala nokuhlela (40%). 				

Umxholo omawufundiswe

Ukuhlola kujoliswe kanye kowona mxholo ufundiswayo ofumaneka kolu xwebhu. Ngenxa yokuthungelana komxholo kwiBanga le-10-12 jikelele, lo umxholo nezakhono uza kuhlolwa ngokupheleleyo kumaphepha angaphandle eBanga le-12.

Imisebenzi yokuhlolwa yeorali: Iphepha lesi-4

Yonke imisebenzi yokuhlolwa yeorali eyenziwe enyakeni kwiBanga le-12 iyinxalenye yokuhlolwa kwangaphandle kwiBanga le-12. Ingama-50 amanqaku kuma-300 amanqaku okuhlola kwangaphandle okwenziwa ekupheleni konyaka. Iinkcukacha ezingundoqo ngemisebenzi yeorali eyenziwa enyakeni zimi ngolu hlobo lulandelayo:

Iphepha lesi-4	IINKCUKACHA	AMANQAKU		
Iiorali	<p>Yonke imisebenzi yeorali isetwa, ihlolwe esikolweni kodwa iphononongwe (imodareythe) ngaphandle.</p> <p>• Ukuthetha: Intetho elungiselelweyo</p> <p>Hlola: Izakhono zokuphanda, ukucwangcisa nokulungisa umxholo, imvakalozwi, izakhono zokuthetha, ulwazi olunzulu ngokusetyenziswa kolwimi, ukuchonga isigama, uyilo nosetyenziso lwezincedisizwi eziviwa ngeendlebe kunye neziviwazibonwa.</p>	2X10	20	50
	<p>• Ukuthetha Intetho engalungiselelwanga (equbulayo)</p> <p>Hlola: Ukuceba nokucwangcisa umxholo ngokugqibeleleyo, imvakalozwi, izakhono zokuthetha, ulwazi olunzulu ngokusetyenziswa kolwimi.</p>		15	
	<p>• Ukuphulaphula Ukuphulaphulela ukuqonda</p> <p>Hlola: Ukuphulaphulisisa ukuze uqonde okuthethwayo, uhlangule ulwazi oluthile kuko khon'uze ukuphonononge ngokunzulu.</p>		15	

4.5 UkuRekhoda nokuNika iNgxelo

Ukurekhoda yinkqubo apho utitshala abhala phantsi izinga lokusebenza lomfundi ngamnye kumsebenzi othile ohlolwayo. Kubonisa inkqubela-phambili yomfundi ekuzixhobiseni ngolwazi oluxeliweyo ngokwamaxwebhu eNkcazelo yePolisi yeKharithulam nokuHlola. Irekhodi zomsebenzi womfundi kufanele zinike ubungqina ngenkqubela-phambili yomfundi ngokwebanga kunye nokulungela kwakhe ukuqhubela phambili xa ephumelele ukuya kwibanga elilandelayo. Irekhodi zomsebenzi womfundi kufanele zisetyenziswe ukungqinisisa inkqubela-phambili eyenziwe ngootitshala nabafundi kwinkqubo yokufundisa nokufunda.

Ukukhupha iripoti okanye ingxelo yinkqubo yokwazisa abafundi, abazali babo, isikolo nabanye abachaphazelekayo malunga nendlela asebenza ngayo umfundi ezifundweni zakhe gabalala. Zininzi iindlela ezisetyenziswayo ukunika iripoti okanye ingxelo ngomsebenzi womfundi. Ziquka amakhadi eripoti okanye engxelo, ukubiza iintlanganiso nabazali, iintsuku zokutyelala esikolweni, iinkomfa zabazali nootitshala, ukufowunela abazali, ukuthumela iileta kubazali, ukuthumela oolindexesha besikolo okanye beklasi kubazali, njalo njalo. Ootitshala kumabanga onke banika iripoti okanye ingxelo ngokweepesenti ngesifundo ngasinye. Amazinga ahlukeneyo empumelelo kunye neepesenti ahambelana nazo adweliswe kule Theyibhile ingasezantsi.

likhowudi neepesenti zokurekhonda nokuripota (nokunika ingxelo ngomsebenzi)

Ikhowudi	Inkcazelo ngendlela aqhube ngayo umfundi kumsebenzi wakhe	Ipesenti
7	Uphumelele ngokugqwesileyo	80 - 100
6	Uphumelele emagqabini	70 - 79
5	Uphumelele ngokuqaqambileyo	60 - 69
4	Uphumelele ngokwanelisayo	50 - 59
3	Uphumelele ngokufanelekileyo	40 - 49
2	Uphumelele ngokuyinxalenye	30 - 39
1	Akaphumelelanga	0 - 29

Ootitshala besiXhosa mabarekhode amanqaku achanekileyo kumsebenzi ngamnye ohlolwayo besebenzisa iphepha lokurekhoda elisemthethweni; banike iripoti/ingxelo ngokweepesenti kwisiXhosa kwiripoti khadi yomfundi.

4.6 UPhononongo lokuHlola

Uphononongo okanye imodareyishini yinkqubo yokuqinisekisa ukuba imisebenzi ehloolwayo ichanekile, yamkelekile kwaye isemgangathweni ochanekileyo. Uphononongo lwenziwa esikolweni, esithilini, kwiphondo nakwandlunkulu. Zonke iinkqubo ezichanekileyo neziqingqiweyo zokuphonononga okanye zokumodareyitha kufuneka zimiselwe ukungqinisisa yonke imisebenzi yesiXhosa ehloolwayo.

4.6.1 Ukuhlola okusesikweni / ukuhlola okwenziwa esikolweni (SBA)

- limvavanyo noviwo kwiBanga le-10 nele-11 ziphononongwa okanye zimodareyithwa esikolweni. Umcebisi wesiXhosa wesithili / iphondo unoxanduva olusemthethweni lokuphonononga / ukumodareyitha isampuli yemisebenzi ehloolwayo yeorali kanye xa endwendwele okanye etyelele esikolweni ukungqinisisa umgangatho owamkelekileyo wemisebenzi yeorali kunye nophononongo / imodareyishini eyenziwe yintloko yesiXhosa.
- limvavanyo kunye neemviwo zeBanga le-12 kufuneka ziphononongwe okanye zimodareyithwe kwiphondo. Le nkqubo isingathwa liSebe lezeMfundo lephondo.
- Abacebisi besiXhosa kufuneka baphonononge okanye bamodareyithe iisampuli zeemvavanyo namaphepha eemviwo phambi kokuba abhalwe ngabafundi ukungqinisisa imigangatho nokunika ootitshala besiXhosa isikhokelo sokuyiseta ngokusemgangathweni le misebenzi yokuhlolwa imiselweyo.

4.6.2 Imisebenzi yokuHlola yeorali

- **KwiBanga 10-11:** Umsebenzi ngamnye weorali oyinxalenye yeNkqubo yokuHlola kufuneka ungeniswe ngutitshala kwiNtloko yesiFundo (HOD) ukuze iwuphonononge (iwumodareyithe) phambi kokuba wenziwe ngabafundi. Ootitshala bahlola imisebenzi yokuhlolwa yeorali kwiBanga le-10 nele-11. Umcebisi esithilini okanye kwiphondo kufuneka aphonononge okanye amodareyithe imisebenzi yokuhlola yeorali xa etyelele esikolweni esenzela ukungqinisisa umgangatho wemisebenzi leyo nophononongo okanye imodareyishini eyenziwe esikolweni.
- **KwiBanga 12:** Yonke imisebenzi yeorali isetwa, ihlolwe esikolweni kodwa iphononongwe (imodareyithwe) ngaphandle. Umsebenzi ngamnye weorali oyinxalenye yeNkqubo yokuHlola kufuneka ungeniswe ngutitshala kwiNtloko yesiFundo (HOD) ukuze iwuphonononge (iwumodareyithe) phambi kokuba wenziwe ngabafundi. Ngumsebenzi katitshala ukuhlola imisebenzi ehloolwayo yeorali. Umcebisi wesithili / iphondo unoxanduva olusemthethweni lokuphonononga / ukumodareyitha isampuli yemisebenzi ehloolwayo yeorali kanye xa

endwendwele okanye etyelele esikolweni, ukungqinisa umgangatho owamkelekileyo wemisebenzi yeorali kunye nophononongo / imodareyishini eyenziwe yiNtloko yesiFundo. Kunyanzelekile ukuba isampuli yabafundi kwisikolo ngasinye iphononongwe okanye imodareyithwe, ukungqinisa umgangatho womsebenzi wabo weorali.

4.7 ULwazi Gabalala

Olu xwebhu kufanele ukuba lusetyenziswe kunye nala alandelayo:

4.7.1 *National policy pertaining to the programme and promotion requirements of the National Curriculum Statement Grades R-12; kunye*

4.7.2 *Noxwebhu lwepolisi oluthi, National Protocol of Assessment Grades R-12.*

ULUHLU LWAMAGAMA

Abantu abafumana ulwazi (abaphulaphuli, ababukeli) - aba ngabantu ekujoliswe kubo xa kunikezelwa ngolwazi oluthile; xa beza kuphulaphula okuthethwayo, babuke oku kwisicatshulwa. Kufuneka ke ngoko, ababhali basoloko becinga ngenjongo kwanabantu abamkela ulwazi abaza kufunda, babuke loo tekisi.

Enabileyo - xa into ibhalwe ngendlela enabileyo, kuxa kunikwe iinkcukacha eziphangaleleyo ngayo.

Exhalabisayo - apha eli gama lisetyenziselwe ukubonakalisa indlela ekuthi xa umfundi esenza iziphene ezininzi xa ebhala, lowo ufunda into ayibhalileyo atsho anxube, angonwabi, ngenxa yezo ziphene; kutsho ke kufuneka xa kunjalo utitshala oza kuba neliso kuloo mfundi, amncede.

Ezibhidanisiweyo - kubhekiselwe kwizimvo ezingabhalekanga kakuhle kwaphela, de athi ubani ofunda loo nto ibhalwe ngolo hlobo angayiva.

Ezizezabo (izicatshulwa) - Xa umfundi eyila isicatshulwa kubalulekile ukuba aze nezakhe izimvo, angazinyibi ndawo, zivele kuye buqu.

Fanelekileyo - kuxa kusetyenziswe ulwimi olufanelekileyo ngokwemo leyo, umz: xa uthetha nomntu omdala okanye umntu ohloniphekileyo kwimeko yomsebenzi, uchonga ulwimi olufanele loo meko.

Idrafti - uyilo okanye amalungiselelo okwenza into eza kunikezelwa, umz. okuza kuthethwa okanye okuza kubhalwa.

Igama elakhiwe kwelinye - eli ligama elakhiwe kwelinye igama okanye elakhiwe kwingcambu, (umz:-sela = intselo). La magama adla ngokwakhiwa ngokufakela izimaphambili okanye izimamva.

I-akhronim - igama elakhiwe ngoonobumba bokuqala egameni xa lifinyeziwe, umz: INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola (NKPH).

Ilitherasi - apha kubhekiswa kwiindidi ngeendidi zelitherasi (umz. ukukwazi ukubona uqonde izinto ozibona ngeliso lenyama, imizobo, ukubala, kunye nokulandela izinto ezinxulumene norhwebo).

Iindidi zoncwadi - apha kubhekiswa kwindlela uncwadi oluhlelwa ngayo (umz. inoveli, amabali amafutshane, izincoko / amavo, izibongo, idrama okanye ifilim).

Iindlela ngeendlela zokusebenzisa ulwimi - ezi ndlela ngeendlela zibakho xa kukho ukulungelelaniswa okukhoyo kwisigama, kwiimo zezivakalisi namagama kunye nendlela igama elibizwa ngayo. Oku ke kuyahluka kwisizwana nesizwana/kwingingqi nengingqi.

Iindlela ezahlukeneyo zokusetyenziswa kolwimi: kukusetyenziswa kwezinto ezifana nentetho engaphucukanga (*slang*), ulwimi lwesizwana (*dialects*) kunye nentetho exutywe namagama antsonkothileyo asetyenziswa ngabantu bomsebenzi othile (*jargon*).

Ilitherasi - ilitherasi lulwazi lokufunda nokubhala, ukwazi ukusebenzisa amanani, ulwazi lwekhompyutha, ukuqonda indlela izixhobo ezibonwa ngeliso lenyama ezisetyenziswa ngayo njalo-njalo. Eli gama lisenokusetyenziselwa ukubonisa ukukwazi ukulungisa nokusebenzisa ulwazi oluthile, kwanokubhalela iinjongo ezahlukeneyo, kukwabonakalisa ukukwazi ukuvumbulula iintsingiselo ezendeleyo kwizicatshulwa nakulwimi, ukuze umntu asiqonde isicatshulwa ukuba singantoni.

Iilizwi likaNobalisa/lombalisi - eli lilizwi lomntu obalisa ibali. Ungahlula phakathi kombalisi osebenzisa umntu

wokuqala (umz. Ndi- usoloko engumlinganiswa ebalini, owenza izinto ngokwakhe - lifumaneka kakhulu kwizincoko/kumavo) okanye umntu wesithathu, apho umbalisi abhekisa kubalinganiswa ngokuthi uThemba u.... okanye ooThemba ba.....

Imbali emfutshane enoburharha - le yimbali yeziganeko ezincinane ezibaliswa ngenjongo yokonwabisa, yokuchwayitisa, kwanokuveza ubunjani bomlinganiswa othile.

Imbali - kubhekiswa kwibali elibaliswa ngomlomo okanye elibhaliweyo, elinezimvo ezilandelelana kakuhle ngokwendlela iziganeko ezenzeke ngayo.

Imbeko - apha kuthethwa ngolwimi olusetyenziswa ngembeko. Oku kubonisa ubuchule bokukhetha amagama afanelekileyo, umz. ulwimi olusebenzisa xa uthetha nabantu abahloniphekileyo, nabadala alufani nolusebenzisa koontanga bakho.

Imeko (yetekisi) - itekisi isoloko isetyenziswa, yakhiwe ikwimo. Imo ke ibandakanya iimeko ezifana nokusebenzisa izicatshulwa ezingqamene nezentlalo, ezenkcubeko nezepolitiki, umz. xa utitshala efundisa igrama, kufuneka angafundisi amagama ezimele, koko ekwitekisi.

Imfanozandi - kukusetyenziswa kwezandi ezifanayo. Esi sangotshe sibaluleke kakhulu ekutyebiseni ulwimi nakuvuselelo-mvakalelo. Siwuzoba ngokupheleleyo umfanekiso waloo nto kuthethwa ngayo.

Imihlathi - ezi ziitekisi ezifana neeleta, imizuzu yentlanganiso, ingxelo, iifeksi.

Imigaqo eyamkelekileyo yokusetyenziswa kolwimi - imigaqo eyamkelekileyo okanye xa kusetyenziswe intetho yolwimi. Eminye imigaqo incedisa ekuqulatheni intsingiselo (umz. imigaqo yegram, iimpawu zokubhala, uhlobo oluthile lokusebenzisa oonobumba xa kuchwethezwa) ize eminye incedise ekuchazeni isiququlatho (umz. uluhlu lweziqulatho, indlela yokucwangcisa okuthile, izihloko, iitshathi, uluhlu, imifanekiso kunye nesalathiso).

Imizobo - kubhekiswa kwimveliso yezokubonwa ngeliso lenyama, nezobugcisa ezizotywe ngesandla okanye ngekhompyutha, eziyiliweyo, njalo njalo.

Imo yokunxibelelanisa - zininzi iindlela zokunxibelelanisa, umz. ngokubhala, ngokuthetha okanye incoko yomlomo, ngokwenza imifanekiso ebonwa ngeliso lenyama (ibandakanya imizobo enjengeetshati); ulwazi ke lungaguquququlwa lususwe kwenye imo, luye kwenye (njengokusuka ekusebenziseni igrafu uye ekubhaleni umhlathi, usebenzise ulwazi ulususa kwiorali/ kwintetho yomlomo uye kumfanekiso ophawuliweyo).

Imo yomphefumlo - apha kuthethwa ngendlela umbhali woncwadi aziva ngayo xa ebhala incwadi, nokuba libali okanye isibongo; le mo ke idla ngokudizwa ngamagama asetyenziswayo (umz. 'Yayiziinyembezi zodwa ecaleni kwaloo bhasi yayiqungquluzile' la magama mabini anomgca ngaphantsi abonisa ukuba akonwatywanga apha).

Impazamo yokusebenzisa amagama amade ngendlela engafanelekanga - abanye abantu bayathanda ukusebenzisa amagama amade nantsonkothileyo, bezama nje ukutsala amehlo, de loo magama bawasebenzise ngendlela engafanelekanga, nedala intsini kophulaphuleyo.

Impixano - yimeko apho abalinganiswa baphikisana ngezimvo; lungquzulwano lwezimvo olubakho phakathi komlinganiswa nabalinganiswa ababini nangaphezulu, umlinganiswa nendalo okanye abantu nje. Olu ngquzulwano lungenzeka ngenxa yeemfuno zabo okanye into abayixabisileyo (impixano isenokuba yeyangaphakathi / yeyangaphandle).

Impoxo - xa kusetyenziswa esi sagwelo kuthi kubekho ukuncoma okuphoxayo/ yintetho eveza into echasene

nale nto ubani ayithethayo. Apha kuphoxiswa ngomntu (umz. xa usithi kumntu ofike mva kunani: 'Ndiva kakubi ukuba sifike phambi kwakho'), ube wena umphoxela le nto efike emva kwexesha; sukube apha uphoxisa ngomntu.

lindlela ngeendlela zokusebenzisa ulwimi - ezi ndlela ngeendlela zibakho xa kukho ukulungelelaniswa okukhoyo kwisigama, kwiimo zezivakalisi namagama kunye nendlela igama elibizwa ngayo. Oku ke kuyahluka kwingingqi nengingqi/kwisizwana nesizwana.

Injambamenti (enjambment) - ugxalathelwano lwamalungu olungenasingqisho.

Inkcaso-vuthondaba (anticlimax) - Kuxa bekulindeleke ukuba kufikelelwe kwinqanaba eliphezulu ebalini, sele kulindelwe ukuhla kwesiganeko esibalulekileyo okanye esonwabisayo, suke kungade kufikelelwe kuso; okusuke kwenzeke kukuba kwisakhiwo sebali kuvela iziyolisi, kungenjalo isiganekwana nje esingabalulekanga kuyaphi, okanye kuphambukwe kwisiganeko ebesiphethwe, kuvezwe esitsha.

Inkqubo yokufundwa kweelwimi ezininzi kusongezwa kolwasekhaya (additive multilingualism) - xa umntu efunda ulwimi (iilwimi) ukongeza kulwimi lwakhe lwasekhaya. Oku akuthethi ukuba olu lwimi lutsha luthatha indawo yolwimi lwasekhaya, koko lufundwa kunye nalo.

Intetho edidekiso - kuxa kusetyenziswe ulwimi oludidekiso ngabom ukwenzela ukufihla izinto eziyinyaniso ezenzekileyo, zifihlelwa umfundi okanye umphulaphuli.

Intetho eqhelekileyo enokufaka amagama angekho sesikweni - olu lwimi olusetyenziswa xa kuncokolwa njee ngabantu, lube lona lungekho sesikweni.

Intetho esetyenziswa ngabantu bomsebenzi othile (ijagoni) - kukho amagama asetyenziswa ngabantu baloo msebenzi, wena mntu ungasebenzi apho ongenakuyilandela intsingiselo yawo, ngaphandle kokuba ude ucaciselwe umz:- ulwimi olusetyenziswa ngootitshala, oonesi, oogqirha njalo njalo.

Intetho esetyenziswa rhoqo ide idike (cliché) - kukusebenzisa amagama athile okanye uluvo oluthile, de kuphele nesongo sawo kuba esetyenziswa njalo; kude kulahleke nentsingiselo yawo, umz. uyabona? Xa eli gama lisoloko lisetyenziswa entethweni, nokuba aliyomfuneko, lide liphelelwe lixabiso.

Intsingiselo ejijiweyo - yiloo ntsingiselo ivezwa sisivakalisi xa ubani esebenzise igama ngokungafanelekanga, okanye kwindawo engafanelekanga, aze athi lowo ulwaziyo ulwimi, xa efunda eso sivakalisi afumane ukuba intsingiselo iba yengeyiyo, okt. ijijiwe.

Intsingiselo erheshayo - kuxa kusetyenziswe igama ngendlela apha engatsolisiyo, kodwa ube uqonda ukuba lirhesha into ethile, libugwegweleza, aliyo ngqo.

Intsingiselo eziwe ngecala - intsingiselo eziwe nje ngecala kwitekisi, engavezwanga ngendlela ethe ngqo.

Intsingiselo engundoqo / yentsusa - yile ntsingiselo icacileyo yegama kuloo meko likuyo. umz. Eli bhastile lam lihle; uthetha ngebhastile eli lihle liligunqu lokudlala, kanti xa intsingiselo ibifihlakele ngesithetha ngobuhle bentombi, mhlawumbi.

Intsingiselo embolombini- indlela amagama asetyenziswa ngayo, ndlela leyo enokwenza athi ofundayo angaziqondi ncam ukuba elo gama lisetyenziswe kuyiphi kanye kanye imeko. Le ndlela ke ingayijika intsingiselo.

Intsingiselo efihlakeleyo - le yintsingiselo yesibini engaphaya kwale yentsusa iqhelekileyo; umz: igama 'ihagu' lithetha isilwanyana esiyihagu, kodwa xa usiya kwintsingiselo yesibini ingathetha ukutyeba, ubumdaka, ukubawa njalo njalo.

Intsusa - kubhekiswa kuloo nto isukela kuyo intshukumo okanye imeko.

I-oksimoroni - kwesi safobe kusetyenziswa amagama aphikisanayo ngohlobo lokuba umfundi abhideke, ibe ngathi ayicacanga eyona ntsingiselo yesiqwenga eso, kanti uya kuthi akusondela, ayiqonde into esiyithethayo. Intetho le iba ngathi iyaziphikisa kanti akunjalo.

Iparadokisi - yintethwana enobutyhulu yokuthi ichasane noko kwamkeleke njengenyano.

Irejista/ Ulwimi lwemeko ethile - amagama asetyenziswa kwimiba neemeko ezahlukeneyo. Umz. amagama asetyenziswa ngumfundi xa ethetha nomnye umfundi ongumhlobo wakhe ahlukile kumagama awasebenzisa xa ethetha notitshala amhloniphileyo. La ngamagama, okanye isimbo, igrama okanye indlela ubani alinyusa ngayo ilizwi; la magama asetyenziswa ngabantu abathile, okanye ababhali abathile kwiimo okanye iimeko ezahlukeneyo, umz:- xa kubhalwa ileta yobuhlobo okanye yasebuRhulumenteni, ulwimi olusetyenziswayo alufani; kanti naxa uthetha nomntu omdala kunawe, awusebenzisi lwimi lunye njengaxa uthetha nontanga wakho.

Isafobe - eli ligama okanye ibinzana elisetyenziswe ngendlela ezekelisayo, ukuphumeza loo ntsingiselo; imizekelo yezafobe zizifaniso, isimntwiso, isikweko, njl. njl.

Isakhiwana sebali - yintshukumo encedisayo, ehamba calanye nesakhiwo esiphambili kwinoveli okanye umdlalo.

Isakhiwo sebali - esi sisicwangciso somsebenzi woncwadi ngakumbi kwiidrama neenoveli. Isakhiwo sebali sibandakanya indlela le ilula yokulandelelana kweziganeko, ebonisa uzalwano phakathi kweziganeko, kubonakale nokuba le into yenzeka ngenxa yaleya.

Isichasi - ligama elibonisa into echaseneyo nelinye igama kwakolu lwimi lunye, umz. ubhityile > utyebile.

Isifaniso - kuxa ufanisa into ethile nenye; apha kusetyenziswa amagama afana noo “njenge-”, “nqwa ne-”, “oku kwe-”, umz. Uhambisa oku kukanina.

Isigqebelo - yimeko eyenzeka ebalini apho, abafundi bathi babe nolwazi angenalo yena umlinganiswa ngelo xesha ngento eseza kwenzeka kuye okanye kwabanye abalinganiswa. Sinento yokwenza nembono/indlela ubani into ayibona ngayo/ kukusetyenziswa kwamagama ngendlela yokuba eyona ntsingiselo yokuthethwayo ifihlwe okanye iphikiswe/kusebenzisa intetho enentsingiselo engundoqo / yentsusa nefihlakeleyo, eyahlukileyo kuleyo ingqalileyo.

Isigqebelo sedrama (*dramatic irony*) - kulapho abalinganiswa benza izinto bengazi babe bona abafundi bencwadi sebetyhilelwe/abalinganiswa banolwazi okwahlukileyo kolwabafundi / ababukeli.

Isihlanganisi - ligama elisetyenziselwa ukuhlanganisa amatya ukuze enze isivakalisi esinye. Ligama elimsebenzi walo ikukwenza ukuba izivakalisi mazinxibelelane kakuhle zenze imihlathi elandelelanayo, mihlathi leyo enokuphela isakha izicatshulwa; umz. xa, kodwa.

Isihloko esiqqamileyo - isihloko senqaku elithile, somfanekiso, ifoto njalo njalo, esidla ngokunceda ukutsala umdla ngendlela esikhethwe ngayo - ukubonisa inqaku elo ukuba lingantoni na.

Isihlonipho - yintetho emnandi esetyenziselwa ukuquma isenzo esibi, esilinyala okanye esiluhlazo emehlweni abantu / kuxa intetho ekhangeleka ngathi ibiza into ngqo, icezelwa ngokusebenzisa intetho evakala kamnandi umz. uqhuba amatakane, endaweni yokuthi unxilile.

Isikweko - sisafobe apho kuthi kusetyenziswa enye into xa kuchazwa enye, oko kusenziwa kuba ezo zinto zineempawu ezifanayo, umz. UThemba lo yinyoka (kuba enobungozi njengenyoka).

Isimntwiso - sisafobe esithi sifanise into engemntu siyifanisa nomntu. Kuxa kuthathwe iimpawu zomntu zanikwa izinto ezingengobantu, umz. Tywala ungumlahlekisi (utywala apha benziwe baneempawu zobuntu kwathiwa buyalahlekisa).

Isinedokhi - ukubiza into ngaleyo iyinxenye yayo.

Isingqisho - kukubizeka kwamagama, izandi, okanye amabinzana kwivesi ngendlela evakala kamnandi. Le nto idla ngokufumaneka kwimibongo.

Isinxibelelanisi - kubhekiswa kuzo zonke iitekisi zonxibelelwano, ezizezi: ezomlomo, ezibhalwayo, ezibonwayo, eziviwa-zibonwa.

Isiphelo esothusayo (*ironic twist*) - isiphelo esingalindelekanga apho umbhali aphetha ibali ngendlela ebingalindelekanga kumfundi kodwa ibikhe yahlakulelwa apha ebalini.

Isiphumo - kuthethwa isiphumo sentshukumo/sesenzo okanye imeko.

Isiqalelo - eli gama lisetyenziswe apha kwimo yokubonisa uhlobo lwetekisi eyakhiwe ngumfundi, tekisi leyo ibonisa umgangatho osezantsi wokuyila. Umfundi osebenzisa olu hlobo usafuna ukuncediswa aqeqeshwe.

Isiqulatho - eli ligama elisetyenziselwa ukubonisa izinto ezibandakanyiweyo kwizinto ezifana namaxwebhu njl. njl.

Isithetha-ntonye/isifanokuthi - ngamagama athetha into enye umz. ukurhala/ukubawa, umtshakazi/umakoti.

Isixhobo esibonakalisa ubuciko - esi sisixhobo esifana naxa isithethi siqumama, sisebenzisa uphindaphindo xa sithetha, sisenzela ukucenga okanye ukuqinisekisa lowo uphulaphuleyo.

Isizathu - yinto engunobangela wento eqhubekayo, okanye imeko ekhoyo.

Izivakalisi ezigatyanye (*simple sentences*) - zizivakalisi ezinentloko nesivisa/isenzi. Zisenokuba nesichazi; kodwa azinalo elinye igatya elixhomekeke kuzo.

Izivakalisi esimbaxa (*compound sentences*) - zizivakalisi ezinamagatya amabini nangaphezulu kodwa entanganye, amanye awahlanganiswa ngazihlanganisi kanti amanye ahlanganiswa ngezihlanganisi zolingano umz kanti, koko, kuloko, okanye, phofu, kunjalo nje njalo njalo.

Izivakalisi ezixandileyo (*complex sentences*) - zizivakalisi ezinamagatya angaphezulu kwegatya elinye, umz igatya eliyintloko namanye axhomekeke kulo afana nala; abalulayo, amel'isibizo, achazayo, ahlomelayo nawondelelwano.

Itekisi efundeka ngeendlela ngeendlela - apha kubandakanywa izicatshulwa, izixhobo ezibonwa ngeliso lenyama, eziviwa ngeendlebe, umz. iividiyo, njl. njl. Xa umfundi enika intetho elungiselelweyo angasebenzisa izilayidi, imifanekiso, iividiyo njl. njl.

Itekisi enobunyani - luhlobo lwetekisi olusetyenziselwa ukuba ubani awubone umfanekiso wento ekuthethwa ngayo; ayiveli kuncwadi yona (umz: isenokuvela kwimagazini nakwinqaku elivela kwiphephandaba, okushicilelwe kuvela koonomathotholo kunye noomabonakude, izibhengezo, iileyibheli zezinto ezithengiswayo, iibrowutsha ezinika iinkcukacha ezimalunga nomakwaziwe ngabatyeleli, amaphepha avela kurhulumente ekufuneka ezalisiwe, kwakunye nemizekelo yeeleta eziyinyani).

Ithoni / imvakalo-zwi - apha kunokubhekiswa kuqala kwindlela ubani abiza ngayo igama. Eli gama “ithoni” xa lisetyenziswe nzulu likwabhekisa kwindlela igama elithile elisetyenziswe nzulu ngayo kwisivakalisi. Kwisicatshulwa ithoni yegama ibhekisa kwindlela igama elisetyenziswe ngayo kuloo mo, nentsingiselo eliyizisayo. Kwifilim ithoni ingaphunyezwa ngohlobo lomculo odlalwayo, kungenjalo imo-ntlalo.

Okuqukayo - kule mfundo yale mihla kufuneka imfundo ifikeleleke kuye wonke ubani; bubakho ubuncinane bokufuneka kuphunyelelwe, obucaciswayo, bubhekisa kubo bonke abafundi, khon’ ukuze abo bafundi baneemfuno ezizodwa ngokwasemzimbeni nasengqondweni babe nabo bayabandakanyeka; yaye kule mfundo kugxininiswa ekubeni bangacalucalulwa bafundiswe bodwa.

Oomahamba-kunye (collocations) - ngamagama asoloko ehamba kunye / esetyenziswa kunye umz. intlaka nexolo, amathe nolwimi, inyoka nesele, umMbo nomXesibe.

Ubabazo/ugqithiso/ubaxo - sisafobe esibonisa ukubaxa xa umntu ethetha ngento ethile, umz. ‘Wandiphakela intaba yokutya’, apha kuthethwa ukutya okuninzi.

Ubuchule bokuqiqisisa - kuxa umfundi esebenzise izimvo zakhe xa, mhlawumbi ebhala okanye esenza intetho, ngendlela apha ebonisa ukuba unobuchule bokuyicingisisisa into phambi kokuba ayithethe okanye ayibhale phantsi; loo nto ke itsho ngento evakala okanye efundeka kamnandi.

Ubuchule bokusebenzisa amagama ngendlela yokuhlasela (word attack skill) - obu bubuchule obusetyenziswayo xa umfundi efunda igama angalaziyo; uye aliqhawu-qhawule libe ngamalungu okanye ajonge intsingiselo eziswa zizimaphambili, kungenjalo izimamva, esenzela ukude ayive kakuhle intsingiselo yalo.

Ubuhle (authentic) - ukusetyenziswa kolwimi ukuyila into ngokucoliseka nangolonwabo.

Ubumbo zivakalisi (isinteksi) - yindlela amagama alungelelaniswa ngayo ukwakha izakhi zegrama, umz. amabinzana, amatyaty, izivakalisi njl. njl. Apha kujongwa nemithetho elawula ubumbo-zivakalisi.

Ubugakanani boonobumba - apha kujongwe koonobumba abasetyenziswa xa kuchwethezwa ngekhompyutha, le nto kuthiwa yifonti.

Ubuchule - eli gama lisetyenziselwe ukubonisa ukuba xa usebenzisa ulwimi ngobunono kuxa uchula ukunyathela ekukhetheni amagama, ukhethe igama elifanele loo meko.

Uchasaniso - ukusetyenziswa kwamagama achaseneyo kwisivakalisi /umqolo ukucacisa imeko ethile umz. Bangena bephuma, ukubila usoma.

Ugxaalathelwano lwamabinzana okanye amalungu, kungekho singqisho (enjambment) - ukusetyenziswa kwemiqolo elandelelanayo ingenasingqisho kodwa isebenzisa isigama esihambelanayo esenza ukuba imiqolo ifundwe kunye njengomqolo omnye oqhubelekayo.

Ukuba neliso kwindlela amagama asetyenziswa ngayo - apha kuthethwa ngokukwazi ukucazulula indlela intsingiselo evezwe ngayo, ukukwazi ukugqala amandla ulwimi olunawo; xa umfundi eyiqaphela indlela amagama asetyenziswa ngayo, nentsingiselo ayinikwayo kuloo mo, umfundi uya kukwazi ukumelana neendlela zokuqhathwa ezinokuvezwa lulwimi olo, akwazi kananjalo ukusebenzisa ulwimi ngononophelo.

Ukubaza ingqondo - xa kusithiwa ubani uphulaphule ebaze ingqondo kuthethwa ukuba uphulaphulisile, yaye uyivulile ingqondo.

Ukucazulula - xa ufunda, mhlawumbi itekisi, uze uchaze ukuba igama elithile libonakalisa ntoni, lisetyenziswe njani, kuba kutheni, liza nafuthe lini - sithi uyalucazulula ulwimi okanye uyawacazulula amagama.

Ukuchaza into ngamanye amazwi - kuxa uluvo okanye okuqulethwe kwisicatshulwa kuphinda kubhalwa ngamazwi alowo ubhala eso sicutshulwa kwakhona, oko kukuthi, usebenzise awakho amazwi endaweni yalawo ebekwisicatshulwa.

Ukucikoza - kubonakalisa ubuchule bokuthi ubani xa ethetha okanye ebhala asebenzise ulwimi olunezimvo ezilandelelanayo, nezinamatheleneyo. Ngale ndlela ke ulwimi luye luvakale kamnandi, kananjalo luchazeke kakuhle.

Ukucinga ngendlela eyilayo - le yinkqubo yokucinga ngezimvo okanye iimeko ngeendlela zokuziqambela, okanye ngendlela engaqhelekanga, nto leyo ebonisa ubuchule balowo ucingayo.

Ukudlala ngamagama - ukusetyenziswa kobumbolo-mbini bamagama.

Ukufumana inxalenye - kubhekiswa kumfundi ongaphumelelanga ncam, ofumene ezinye iziphumo, ingezizo zonke.

Ukufunda ngokukhawuleza ungacoseleli - kukufunda isinxibelelanisi ukhawulezisa, usenzela nje ukufumana ukuba singantoni na umz:- ukufunda izihloko kwiphepha-ndaba ukhangela ukuba zithini iindaba eziphambili.

Ukugqibelela - eli gama lisetyenziswe kwimo yokubonisa umntu ocingayo phambi kokuba asebenzise ulwimi, alusebenzise ngokufezekileyo.

Ukuhlelisa ngokusebenzisa ulinganiso - xa kuhlekiswa ngomntu othile ngokusebenzisa indlela ebhanxayo; kunokusetyenziswa umfanekiso obonisa iimpawu zakhe eziphuhlileyo, ngendlela ebaxayo, kuba kufunwa ukuhlelisa okanye ukubhanxa ngaye.

Ukuhlela - kukulungisa iziphene zegrama, zosetyenziso lolwimi, ukulungisa iziphene kupelo, njalo njalo, kusenzelwa ukuba okubhaliweyo kufundeke kakuhle; xa kuhlelwa ke, umhleli kufuneka ajonge nolandelelwano lwezimvo, nesimo sezivakalisi, kunye nemihlathi.

Ukuhlola - yinkqubo yokuqokelela ulwazi oluthile malunga nesakhono somfundi kumsebenzi awenzayo. Oku kungenziwa rhoqo, kusetyenziswa iindlela ngeendlela ezahlukeneyo zokuhlola.

Ukuhlola okushwankathelayo - olu ke lona uhlobo lokuhlola lunika ingxelo eshwankathelweyo, nebonisa ubuchule obugqibeleleyo asele enabo umfundi, kumsebenzi aselewonikiwe, emva kwekota, isiqingatha sonyaka okanye ekupheleni konyaka. Okubalulekileyo kukuba akufuneki kunikwe uhlobo olunye lwendlela yokuhlola, aze ke abe selegwetywa ngalo umfundi.

Ukuhlola okusisiseko - kubalulekile ukuba phambi kokuba abafundi bafundiswe khe kuhlolwe ukuba yintoni na asele beyazi, beyazi kangakanani na loo nto. Utitshala ke emva koku uyakwazi ukuqhuba nezifundo zakhe.

Ukuhlola okwakhayo - xa kumane kusenziwa olu hlobo lokuhlola ngutitshala, sukube ejonge ekufumaneni inkqubela phambili yomfundi; akulindwa de ube mninzi umsebenzi, ze kunikwe uvavanyo emva koko; kuye kunikwe nengxelo ngohlobo olwakhayo, nolungamtyhafisiyo umfundi.

Ukuhlolwa kwezidingo - olu hlobo lokuhlola lwenzelwa ukujonga ukuba ziintoni na iingxaki ezisendleleni yokuphumelela komfundi; akube ke utitshala ezifumene ezi ngxaki, uyakwazi ukuza namacebo afanelekileyo.

Ukukrwaqula ukhawulezisa - kuxa ubani ebalekisa amehlo xa efunda nokuba sisinxibelelanisi mhlawumbi, esenzela nje ukufumana ulwazi oluthile, umz. ukubalekisa nje amehlo ujonga igama elithile nenombolo yemfonomfono yomntu,

okanye ukufumana ixesha emka ngalo ibhasi okanye uloliwe, xa ukrwaqula isicwangcisi-maxesha senkampani yeebhasi.

Ukulandelelana nonxibelelwano olusetyenziswe ngobuchule - kubhekiswa kwindlela enokuthi imihlathi ilandelelane ngobuchule bokuqiqisisa. Obu buchule bunento yokwenza nokulandelelana kwezimvo, nto leyo yenza intsingiselo evakala kamnandi kofundayo, nophulaphuleyo. Imihlathi enjalo ibonisa ulandelelwano lwezimvo, apho izivakalisi zilandelelana ngobuchule obukhulu.

Ukulawula ulwimi - kuxa umfundi esebenzisa ubuchule bokwazi ukuba makasebenzise liphi na igama, nini, njani, kuba kutheni.

Ukulungelelanisa (intetho) - kukumisa kakuhle intetho yakho ngokulandelelanisa izimvo.

Ukunamathelana / ukuyondelelana - kukho izixhobo ezisetyenziswayo ukuphuhlisa uyondelelwano phakathi kwezivakalisi, xa kusakhiwa imihlathi okanye iziqwenga. Ezi zixhobo ezifana nezimelabizo okanye amagama anokuphindaphinda into ethethwayo ngeendlela ngeendlela, umz. Umntwana wesikolo uwenze kakuhle umsebenzi wakhe. Lo mntwana kucacile ukuba uzimisele. U-'lo mntwana' usabhekisa kwisibizo esisekuqaleni u-'umntwana,' encedisa ukwenza olu nxibelelwano ngesiya sikhombisi u-'lo.'

Ukundyondyisa emva ngabom - apha ke sukube ingaba bavezwe mfiliba abadlali xa sibukele nokuba yifilim; bavezwa mfiliba ngemva kuba sukuba bengabalulekanga ngelo xesha ngokwesiganeko sebali; sithi ke basandyondya emva belinde elabo ithuba lokuba bagqame; ukundyondya kukulinda ndaweni ithile, ulindele elakho ithuba; nebhasi le xa umqhubi esayenza shushu, igquma kuhle sithi iyandyondya.

Ukunkqenqezisa phambili ngabom - xa sijonge umdlalo kamabonakude, siye sibone kukho abantu kuloo mboniso abavezwe mfiliba, ze kubekho aba bagqamileyo; aba bacacileyo ke ngabo umbhali abankqenqezisa (ababalekisa) phambili ngabom kuba kufuneka amehlo ethu abone bona, kuba iziganeko sukube zingqamene (zijonge) nabo.

Ukunqaphaza - ukungenzi/ukungenzeki kwento ngendlela exhaphakileyo.

Ukuphaphamisa into engaphefumliyo - kuxa kusenziwa abantu kunye nezilwanyana ezisemfanekisweni zibe ngathi ziyashukuma.

Ukuqalisa - kuxa ubani inguye oqala into, njengencoko, baze abanye babhekise phambili.

Ukuqokelela izimvo (brainstorming) - Ukulungiselela ukubhala intetho ngokuthi usebenzise iindlela-ndlela zokuqokelela ulwazi oza kulusebenzisa, ngokujula nje izimvo, ungazicwangcisi ncam. Iindlela zokuqokelela izimvo: isazobe sokucinga (*mind map*), uluhlu lwezimvo, iitshathi, njalo njalo

Ukuqonda okunzulu - yindlela athi ubani acazulule ngayo indlela intsingiselo yegama eyakhiwe ngayo. Apha kufuneka umfundi aqonde indlela ulwimi olusetyenziswe ngayo, kwakunye namandla alo. Obu bunzulu bolwimi bumenza ukuba umfundi amelane nokuqhathwa, ngakumbi kwizinto ezifana nezibhengezo. Ude ke umfundi ajonge indlela ulwimi olusetyenziswe ngononophelo ngayo.

Ukuthethelelela - kukufunda into, uze uzakhele olwakho uluvo usebenzisa intelekelelo.

Ukuthlekisa - kuxa uthlekisa izinto ezimbini ngeenjongo zokufumana umahluko.

Ukuthetha ngezandla/ngentloko - luhlobo lokuthetha/lokuqhagamshelana nomntu othile ngokusebenzisa izandla okanye unqwale nje intloko xa ubonisa ukuba uyavuma, kungenjalo usebenzise ezinye iintshukumo zomzimba.

Ukuyimela into - kuxa ubonakalisa ukungajiki xa uxoxa ngento ethile, futhi uzixhase.

Uluvo lwakho - yindlela ubani azithatha / azibona ngayo izinto.

Ulwimi lwasekhaya - olu lulwimi abantwana abalufunda ekhaya besakhula, belufunda ngokulinganisa. Olu lulwimi abafunda ngalo ukucinga. Ulwimi lwasekhaya lomfundi ongumXhosa sisiXhosa.

Ulwimi lwesizwana/lwengingqi - olu luhlobo lolwimi oluthethwa sisizwana esithile. Olu lwimi lwahlukile kwezinye iimo zolo lwimi lusukela kulo, malunga namagama asetyenziswayo, ukwakhiwa kunye nendlela abizwa ngayo.

Ulwimi olongezelelweyo - kuthethwa ngolwimi olunokufundwa ngumfundi esongeza kolo lwakhe lwasekhaya, umz. umfundi olwimi lwakhe lusisiXhosa afunde isiNgesi esongeza kwisiXhosa.

Ulwimi oluchukumisayo - lulwimi olusetyenziswe ngendlela apha ebanga usizi de ubani athi azive efuna ukulila, abe novakalelo.

Ulwimi oluqhathayo - kuxa ubani esebenzisa ulwimi oluthile ngendlela yokuqhatha umntu, ezama mhlawumbi ukumphembelela ukuba makawele kweli lakhe icala; umzekelo uyafumaneka kwizibhengezo, apho kusetyenziswa ulwimi olunobuqhetseba ngamanye amaxesha; umz:- Thenga nazi izisulu, zikho namhlanje kuphela.

Ulwimi olusetyenziselwa ukuthetha ngolunye ulwimi (*meta-language*) - kukho isigama esisetyenziswayo xa sithetha ngolwimi; oku kubandakanya isigama esifana nala magama asetyenziswa ngabantu abafundisa ulwimi: "imeko", "isimbo sombhali", "isakhiwo seballi", "ingxoxo yababini" nesinye isigama.

Umabizwafane - ligama elibizwa, lipelwe ngokufana nelinye, kodwa libe lahlukile ngentsingiselo umz. idolo, eli siguqa ngalo; idolo eliligophe kwindlela yemoto.

Umatshini wokubonisa umboniso bhanya-bhanya - izixhobo ezisetyenziswa xa kusenziwa umboniso bhanya-bhanya, njengokukhanya okanye uhlobo lokufota oluthile.

Umbuzo-buciko - luhlobo lombuzo olungalindeli mpendulo xa lubuzwa; kwenzelwa nje ukugxininisa. umz:- Nithi ndihlaleleni ndingafi nje?

Umfanekiso-ntelekelelo - kuxa kusetyenziswa amagama adala imifanekiso ezingqondweni zethu njengokusebenzisa izifaniso, izikweko, izimntwiso namanye amagama adala umfanekiso engqondweni yomntu.

Umgqalisela - xa kusithiwa unomgqalisela wento kuthethwa ukuba uyijonge ngeliso elibukhali neliqaphelayo, umz. umfundi kufuneka xa efunda abe nomgqalisela wezinto ezithile ukuze akulandele akufundayo, aze athi naxa ehlolwa akukhumbule abekufundile nabekubonile; makaqwalasele, aqaphele ke lilonke.

Umlinganiselo - esi sisikali esibonisa ukuba umfundi uphumelele kangakanani na ngokwemilinganiselo ebekiweyo, nevunyiweyo, milinganiselo leyo echazwe kakuhle, ngaphantsi kwesahluko sesine kwinqanaba ngalinye.

Umngqungqo - kuxa kukho amagama afanayo okanye imiqolo efanayo; ingazizikhamiso, kungenjalo amaqabane, okanye igama; le nto idla ngokwenzeka ekuqaleni okanye ekupheleni komqolo, okanye kumana kuphindwa igama okanye umqolo othile; yonke le nto yenza isandi somngqungqo.

Umongo - kukujonga ukuba incwadi leyo uyifundayo, isicatshulwa okanye umbongo ungantoni.

Umqobo - yinto ethintela ukuba ubani akwazi ukwenza into, umz:- ulwimi lungangumqobo osendleleni yomntu xa abantu bolo lwimi bethetha wena ungeva, okanye umfundi ongalulandeliyo ulwimi lokufunda nokufundisa angazibona engaqhubi kakuhle kwizifundo zakhe, ngaloo ndlela lungumqobo endleni yakhe eya kwimpumelelo.

Umqondiso/isimboli - yinto esetyenziswa imele into ethile, umz:- ihobe ngumqondiso woxolo.

Umtsalande - yinto eyenza umdla kulowo ubukeleyo, iyakutsala ke ngamanye amazwi.

Umtsalande othambekela ecaleni - le yindlela athi ubani abonakalise ukuba nomkhethe wento ethile, yingcingane, kungenjalo uluvo oluthile, nto leyo enokukwenza ubunzima ukuveza isigqibo esifanelekileyo nesanelisayo ngento ethile.

Umxholo - yeyona mbono ingundoqo kubhalo loncwadi; isicatshulwa singanemixholwana emininzi, eminye kuyo ingacaci gca ibe selubala.

Unxibelelwano ngeendlela ngeendlela - zezi zinxibelelanisi ziyimizobo ziqulethe imiyalezo, ezifana neefilim, imifanekiso, iikhathuni, imizobo, njalo njalo.

Uphindaphindo lwezandi ezifanayo - kwizibongo kunokuphindaphindwa izandi ezifanayo, nokuba ngamaqabane okanye izikhamiso, umz. Iqaqa liziqikaqika kuqaqaqa.

Uphuphelo (*foreshadowing*) - lukrotyiso kokuza kwenzeka ebalini

Usetyenziso lwamagama amaninzi angeyomfuneko - kuxa kusetyenziswa amagama, iziqwengana okanye izivakalisi ebezinokushiya, ukuze ke naxa sezide zashiywa, kuye kungabikho nto ivakalayo.

Uvumephika - kukusetyenziswa kwezimvo ezimbini ezichaseneyo.

Uvuthondaba - kuxa kufikelelwe kwelona nqanaba liphezulu ebalini, nqanaba elo lonwabisayo, liphuhlisayo, nelibalulekileyo; apha sukube kungekho kubuya ngamva ebalini.

ISIHLOMELO SOKU-1: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI (ITSHATHI YOKWALATHISA)

Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi	
Ukuphuhliswa kwesigama nokusetyenziswa kolwimi	
<p>Izifanokuthi / izithethantonye</p> <p>Izichasi</p> <p>Amagama angcambu-nye</p> <p>Oomabizwahluke</p> <p>Oomabizwafane</p> <p>Igama elinye endaweni yebinzana</p> <p>Izafobe (isifaniso, isihlonipho, isimntwiso, oksimoroni, isinxulumaniso, isifanodumo, ubaxo/ubabazo/ugqithiso, uchananiso, isigqebelo, isihlekiso, ukuphela kovuthondaba, isimboli, isihlonipho, uvumephika, iparadoksi, ukudlala ngamagama antsingiselo imbaxa, intetho engenabuzaza, igama elimele elinye, izaci namaqhalo)</p> <p>Amagama emboleko, amagama amatsha nemvelaphi yamagama.</p> <p>Izakhi zamagama: Izimaphambili, iingcambu nezimamva</p>	
Izakhi zezivakalisi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi	
Izakhi zamagama	Izimaphambili, iingcambu nezimamva
Izibizo	<p>Izibizo ezakhiwe kwizenzi</p> <p>Izibizo ezakhiwe kwezinye izibizo</p> <p>Izibizo ezakhiwe kwizichazi</p> <p>Izibizo ezakhiwe kwizifanekisozwi</p> <p>Izibizo ezakhiwe kwizikhuzo</p> <p>Izibizo ezimbaxa</p> <p>Intloko nenjongosenzi</p> <p>Isini</p> <p>Isininzi</p> <p>Izinciphiso</p> <p>Isandiso</p> <p>Izibizo ezakhiwe kwezinye izigaba zentetho</p>
Izimelabizo	<p>Isimelabizo soqobo</p> <p>Isimelabizo soqobo sokugxininisa</p> <p>Isimelabizo sokukhomba</p> <p>Isimelabizo soquko</p> <p>Isimelabizo sochazo</p> <p>Isimelabizo sokukumbi</p> <p>Isimelabizo sokunye</p>
Izenzi	<p>Izenzi namaxesha azo</p> <p>Izixando zezenzi</p> <p>Iintlobo zezenzi</p> <p>Ilimilo zezenzi</p>

Izichazi	Isiphawuli Isibaluli Isimnini Esoquko Esokukumbi / esobalo
Izihlomelo	Iindidi zezihlomelo
Iimo	Iimo evumayo Iimo elandulayo
Izalathandawo	Iindidi zezalathandawo
Amagatya nezivakalisi	Igatya elimbaxa nelongezelelweyo Igatya elimbaxa, elihamba nelibalulayo Intetho-ngqo nengxelo-ntetho Igatya elibalulayo Igatya eliyintloko Amagatya sihlomelo exesha Amagatya sihlomelo oxhomekeko Amagatya esizathu Amagatya abonakalisa injongo Amagatya esivumomeko Amagatya ahlomelayo endawo Amagatya abonakalisa ubunjani Isivakalisi esilula Isivakalisi esimbaxa Ucwangciso lwamagama ngokukuko Uvumelwano / isivumelanisi Isilanduli
Imihlathi (usebenzisa izihlanganisi)	Ukulandelelana kweziganeko: okokuqala, okwesibini, okwesithathu, phambi, emva, nini, de, ekugqibeleni, ngaphambili, okulandelayo, emva koko, kutshanje. Ingcaciso / unobangela nefuthe: ngoko ke, ngenxa yesi sizathu, emva koko, ukusukela, ngenxa, kungenxa, ngoko ke, kulandela, ukuba kuthe... kuya kuthi.... Umgaqo olandelwayo: okokuqala, okwesibini, okwesithathu. Ukuthethekisa / ukuchasanisa: iyafana, yahlukile, incinci kune, inkulu kune, nangona, kodwa Ngokokubaluleka: rhoqo, ekugqibeleni. Ucwangciso ngokobume bendawo: ngaphezulu, ngaphantsi, ngasekhohlo, ngasekunene, njalo njalo. Ukubhala ngokuthe gabalala: gabalala, ukugqiba. Umhlathi okhethekileyo: ngokoluvo lwam, inkolo, uluvo, ingqiqo, ndicinga ukuba, ndithathela ingqalelo, ndikholelwa ukuba, ndithanda, ndithemba. Ukuhlela imihlathi: inokwahlulwa, inxulumane, ihambelane, izalane, iyinxalenye. Umhlathi ochazayo: ngasentla, ngasezantsi, ecaleni, kufuphi, emntla / empuma / emazantsi / entshona, isayizi, ibala, isakhelo, injongo, ubude, ububanzi, ubunzima / umthamo, isantya, ifana. Umhlathi wokuphonononga: entle/embi, echanekileyo/engachanekanga, evumelekileyo/engavumelekanga, ebalulekileyo/engabalulekanga, ukucebisa/ukundulula, ukubonisa, ukuxoxa. Umhlathi ocacisayo: inokucaciswa, ludidi oluthile. Umhlathi wokuvala: ukuququmbela, ukushwankathela, ushwankathelo, ngokufutshane, njengoko ubona.

Izifanekisozwi	Umz. dyumpu, ngqu, pam
Izikhuzo	Umz. Kwekhu! Kowu! Awu! Yhooo!
Iimpawu zokubhala	Iqhagamshela (-) likholoni (:) Isimeli-nobumba (') Iimpawu zocaphulo ("...") Izibiyeli () Uphawu loshiyelelo lwamagama okanye amabinzana kwisivakalisi (...)
Upelo lwamagama	Iindlela zokupela amagama Imigaqo nemiqathango yopelo lwamagama Ufinyezo lwamagama Ushunqulo lwamagama
Ukukhulisa ukuqaphela ngeliso alibukhali ukusetyenziswa kolwimi	
<ul style="list-style-type: none"> • Inyani noluvo • Intsingiselo engundoqo / yentsusa nefihlakeleyo • Intsingiselo engundoqo / yentsusa, intsingiselo efihlakeleyo nentsingiselo ecingelwayo • Imvelaphi yombhali neyetekisi malunga nezentlalo nepolitiko kanye nenkcubeko • Ifuthe elibangelwa kokuchongwayo nokushiyelelwayo kwintsingiselo • Ukuhambelana kolwimi namagunya • Ulwimi oluchukumisayo noluqhathayo, olunika ingcinga ecalanye / othambekela bucula nedlelelelayo, olunocalucalulo, ingcinga ebethelekileyo engeyonyaniso, ulwimi olucengayo noluqweqwedisayo, ,indlela ezahlukeneyo zokusebenzisa ulwimi,ukuthelekelela, ukucingela, iingxoxo, injongo yokufaka okanye ukushiyelela ulwazi. 	

